Iziganeko Zenziwe Zacaca Sisiprofeto

Masithobiseni iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo. Nkosi yethu Thixo, Mdala omkhulu weZulu nomhlaba, Owabuyisa kwakhona uYesu ekufeni, kwaye ephila kunye nathi kule minyaka ingamawaka amabini, owasoloko ephilela ukuqinisekisa iLizwi Lakhe kwaye elenze linyanise Lona kwisigaba ngasinye. Sinombulelo kakhulu ngoBungcwele uBukho Bakhe kanye ngoku, sisazi oku, okokuba sinale ngqiniseko inkulu, yokokuba emva kobu bomi bugqithile, sinoBomi obunguNaphakade kwilizwe eliyakuza. Enkosi kuWe, ngako oku, Nkosi. Kunye nela themba, i-ankile emphefumlweni, elomeleleyo kwaye liqinile ngexesha lesivunguvungu. Kwaye xa izivunguvungu zisiza, amaza amakhulu eqengqeleka, siyeva ngokholo oko ukuba kuYe singaqabela lonke iliza.

2 Thixo, sincede ngobubusuku njengoko sisiza kulungiselela kwabo bagulayo nabanezidingo. Siyathandaza, Thixo, okokuba akusayi kuba sabakho mntu ugulayo phakathi kwethu xa simka ngobubusuku. Wanga wonke umntu angaphiliswa ngaMandla obuNgcwele Bakho, kokubini apha nasekunqumlezeni isizwe, kwabaqhagamsheleyo, kwanga kungangabikho mntu utyhafileyo uphuma nakwesiphi isakhiwo okanye nayiphi intlangano ngobubusuku. Wanga uMoya Wakho ungabaphilisa. Yenza iLanga elikhulu lobulungisa, linempiliso emaphikweni Alo, liphume, lithumele imitha yokholo kuyo yonke intliziyo njengoko bephulaphule eLizwini, babone ukubonakaliswa koMoya oyiNgcwele ubabonisa ukuba Usaphila. Sithandazela ezintsikelelo, Bawo, eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala.

3 Ngenene sikuva oku kuyinyhweba enkulu yokuba lapha ngobubusuku, kwakhona, yoku—yokuthetha ebantwini nokuthandazela abagulayo. Sifuna ukubulisa bonke abo bangaphandle kumhlaba wo—wonxibelelwano lwemfonomfono ekunqumleni isizwe, kwakhona ngobubusuku. Kwaye siyathandaza ukuba uThixo uyakusikelela ngamnye kuni, sithemba ukuba bonke abamkele uKristu ngale ntsasa bayakuzaliswa nguMoya oyiNgcwele kwaye bosoloko bephila thembekileyo nanyanisekileyo kuYe bude ubomi buphele apha emhlabeni, obu bomi bunesiphelo. Baze ngoko bona, ngokwenza oko, babe noBomi obunguNaphakade. Abasayi kufa kwisigaba esizayo, kwiSigaba esikhulu esijonge kuso sonke.

4 Ngoku sizakuthi, ngelixesha ndisacinga ngayo, singaphazamisanga. UMzalwana uVayle ulapha, kwaye ndingangafumani thuba lokumbona. Ndiya . . . Ndingathumela lambhalo-ngqangi kuwe xa ndifika eTucson? Ndiyaphinda ukuwujonga, andikawufundi wonke okwangoku, kwaye ndiyakuwubuyisela kuwe kwamsinya ndifika eTucson.

5 Ngoku ndifuna ukwenza isaziso. Oku kukhethekile emabandleni ndawo zonke, ingakumbi eNtshona, okanye naphina ofuna ukuza khona. Ohloniphekileyo owethu umzalwana, uMzalwana uPearry Green, kunye ne . . . Yindoda engunobangela wolunxibelelwano lwalemfonomfono apha. INkosi ibe iyibekile entliziyweni yakhe yokuba eze kusityelela eTucson, aze aqalise imvuselelo eTucson, ntoleyo siyidinga kakhulu. Kwaye uMzalwna uPearry uyakuba seTucson. Ukuba ufuna ukuqhagamshelana naye, tsalela nje i-ofisi yethu phaya. Iyakuba li-10, 11, 12 kunye ne-13 ku-Agasti. Ube enayo entliziyweni yakhe ixesha elide, kwaye ndimxelele "inye kuphela indlela yokuyikhupha entliziyweni yakho, hamba uyokuyenza." Kwaye ungumzalwana womKristu, umkhonzi wenene kaThixo. Kwaye nina bantu, eTucson, ndiyazi niyakusikeleleka njengoko elungiselela phaya ndaweni ithile, mhlawumbi eRamada Inn okanye naphi iNkosi enikezela ngendawo, akakayifumani apha. Kodwa ndiyazi niyakusikeleleka ngokuza, nisive uMzalwana uGreen njengoko esicacisela iLizwi likaThixo, mhlawumbi ethandazela abagulayo, okanye nantoni elele kumsebenzi wentambiso uThixo yokuba yenziwe.

6 Sifuna kananjalo ukubulela uMzalwana u-Orman Neville, uMzalwana uMann, ngeli limangalisayo ixesha lobudlelwana kunye nabo. Indlela endinombulelo ngako, ukubandakanywa nenjalo indoda njengo Mzalwana uNeville, uMzalwana uMann, nabo bonke abanye baba balungiseleli jikelele apha. Ndiyacinga baqatshelwe. Ukuba anenziwa njalo, yibhodi yethu nebandla lethu apha, ndiqinisekile ukuba uThixo uniqaphele ukuba nilapha njengabakhonzi Bakhe. Yanga iNkosi ingasoloko inisikelela.

7 Ngoku, bendibuzwe into ethile encinci apha, kwisibhilivana esincinci ebendisinikiwe, uku . . . Bebenentlanganiso yamathenjwa ngobunye ubusuku apha, kwibhodi yamathenjwa namadikoni, kwaye ndiyacinga imizuzu ibifundiwe ngale ntsasa phambi kwebandla. Ntoleyo, eso sisithethe sokuba thina sikwenze oko. Kwisigqibo ebesenziwe yibhodi yamathenjwa namadikoni apha ebandleni, kakade, asisokuze sanelise wonke umntu. Asinakuyenza lonto. Andinayo nenye into yokwenza nebhodi yamathenjwa okanye ibhodi yamadikoni. Andinayo nevoti ngaphandleni kokuba kukho iqhina, kwaye kufanele ndibelapha ukuze ndiyenze, uMzalwana u-Orman Neville wenza lavoti yesibini. Emva koko kufanele sizityikitye zona, ngokuba

siyinxalenye yebandla. Kodwa oko ibhodi yamathenjwa nesigqibo sebhodi leyo abasenzileyo, ngokuqinisekileyo sima emva kwabo ikhulu leepesenti, ngoba yilonto abalapha ngayo. Kwaye izigqibo zabo siphakathi kwabo noThixo. Andinakho, andinakho ndingasokuze, nangayiphi indlela, ndichasane nesa sigqibo. Kwaye enye into, andivunyelwa nguRhulumente we United States ukwenza nasiphi isigqibo ngokubhekiselele koko, ngoko ncedani sanukundicela ndilungise izigqibo zabo. Andinakuyenza lonto, kwaye andisayi kuva nto malunga nayo. Yabona? Ke sanukundicela ndilungise izigqibo zabo. Bonanani nebhodi, yiyo eyenza izigqibo. Kulungile.

8 Ngoku ngokomhlangano ozayo, kuyakwazeka, ukuba iNkosi ithandile, ndiyakubuyela apha malunga nesine okanye isithandathu seeveki, okanye into enjeya, ukwenzela mhlawumbi omnye umhlangano weCawa. Kwaye ndazisile ngale ntsasa bendifuna ukuthetha ngo *Thixo Ebonakaliswe ELizwini Lakhe,* kwaye andisayi nje kuba naxesha ngobubusuku, kwaye, ngokuphandle, andinalizwi laneleyo lokuyenza lonto. Kwaye isihlwele, kukho phantse abaninzi ngaphandle ngokufanayo nangaphakathi, kwaye, mhlawumbi ngaphezulu, ukubala ezo bhasi nezigadla nezinto ezihleli phandle phaya zinabantu. Ivuliwe, isikhululwana sosasazo singenile kancinci, sinakho ukusiva. Eli liza lincinci, iliza elifutshane ukusuka emnqubeni, singayiva oko malunga nebhloko yesixeko umgama. Kwaye ezinye zeemoto zikude malunga neebhloko zesixeko ezininzi, imigca yemoto, ukuhla nokunyuka, najikelele nakwizitrato, ngokungqonge umnquba ngobubusuku. Andikholwa nangaliphi ixesha, ngokubonakalayo, sakhe sanabantu abanxinanisene ngaphakathi nasekujikelezeni icawa njengoko sinabo ngobubusuku. Ngoko si . . . Kwaye abaninzi, abaninzi, abaninzi bayaqhuba nje benyuka baze baqhube bamke.

9 Ke iyabonisa, “Apha sikhoyo Isidumbu, ayakuhlanganisana amakhozi.” Kwaye ndingakutsho kuwe ngobubusuku, kweli qela lincinci labantu, ngumhlangano wezizwe. Ngokuyinene ngaphezu kwisiqingatha sesithathu sezizwe zomdibaniso simelwe apha, ngaphandle kwamazwe amahlanu asemzini, nkqu ukuya eRussia, nakuzo zonke iindawo ezahlukeneyo zelizwe. Kude ezantsi eVenezuela, ukuphuma ukuya eJamaica, konke kwiindawo ezahlukeneyo zesizwe, abantu balapha, belambele benxanelwe uThixo. Elinjani ukumangalisa ixesha!

10 Ngoku ndifuna, phambi kokufunda iBhayibhile, kwaye ningaba niyakundithandazela ngoku. Ndi—ndizakuzama ukuzisa uMyalezo omncinci, iNkosi ithandile, kwisingxengxezelo sempiliso eNgcwele. Kuba, ngale ntsasa sithethile ngosindiso. Kwaye ngobubusuku sizakuthetha imizuzu embalwa kwimpiliso eNgcwele, emva koko sibize umgca wokuthandazela size sithandazela abantu. Ngelixesha sisenza lento, ngaphandle kuqhagamshelwano, naphina apho

nikhoyo, nkqu nangaphandle ezibhasini neemoto jikelele, kwibhloko okanye ezimbini emnqubeni; xa kufika ixesha lokuthandazela abagulayo, ukuba akunakufika esakhiweni . . . Ntoleyo, ongenakuyenza, ndiqinisekile ngoku, ngoba iminyango kwiindawo zonke ixinene, ukugqitha, kwaye akukho ndawo naphina, ke thandaza uze ubeke izandla zakho omnye komnye ngaphandle phaya. Kwaye makathi umlungiseleli ngamnye oghagamsheleyo ngobubusuku, naye athandaze ngebandla lakhe ngelixa iinkonzo zempiliso ziqhubeka. Siyakholwa uThixo ukho kwindawo zonke, naphina. Ngoku ngaphambi kokufunda okanye . . .

11 Ngaphambi kokuba si—sithandaze, sifuna ukufunda elinye leLizwi likaThixo. Kwaye ndiguqule esam—esam iSibhalo ethubeni eligqithileyo, ngokuba ndifuna ukuguqula uhlobo lomhlangano ebendinawo engqondweni yam ngokubhekiselele kobubusuku, ke ndiluguqule kancinci; kwaze ke kwafuneka ndiguqule iSibhalo sam, hayi ukuziguqula zona, kodwa ukuzibeka ngenye indlela, yempiliso eNgcwele, ukuze ke—ukuze abantu baqonde.

Masityhile kuLuka oNgcwele, isahluko sama-24. Kwaye siyakuqalisa kumqolo we-12 wesahluko sama-24, size sifunde ukuhla ukuya malunga nama-34. Ikuvuko lweNkosi uYesu.

> *Emva koko* uPetros, *esukile ke uPetros, wagidima waya engcwabeni; athi eqondele phantsi,* waza *wazibona impahla zelinen . . . emangalisiwe ngaphakathi kuye kuko kuhlileyo.*
>
> *Kwaye, kwabonakala, kusiya babini bakubo* kwa*ngaloo mini kumzana ogama liyiEmawusi, ozitadiya zimashumi mandathu umgama wawo neYerusalem.*

Ngoku, ithabatha ishumi letadiya ukwenza i—ukwenza imayile, ke wawumalunga neemayile ezintandathu.

> *Kwathi ekuxoxeni kwabo nge . . . ezi zinto zehlileyo.*
>
> *. . . kwenzeka, okokuba, ngelixa baxoxayo bodwa bebuzana, uYesu ngokwakhe wasondela, wahamba nabo.*
>
> *Kodwa amehlo abo ayebanjiwe ukuze bangamazi.*
>
> *Wathi kubo, Ziindawo zini na ezi nincokola ngazo, nihamba, nibe nithe matshamatsha?*
>
> *Omnye wabo, ogama linguKleyopa,* waphendula wathi *kuye, Umhambi eYerusalem apha nguwe wedwa na, ukuba* u*ngazi* wena ezi *izinto ezehlileyo . . . khona ngazo ezi mini?*
>
> *Wathi kubo, Eziphi izinto?*

Ngoku khumbula, lona nguYesu ngoKwakhe, evukile, ethetha.

Baza bathi ke bona kuye, EzingoYesu waseNazarete, obengumprofeti enobukunkqela ekwenzeni nasekuthethenі phambi koThixo nabo bonke abantu:

. . . ukuba bathini na ababingeleli abakhulu nabaphathi bethu ukumnikela kuba . . . ukuba a—ukuba agwetywe afe, bambethelela nasemnqamlezweni.

Ke kaloku besithembe ukuba nguye *oza kukhulula uSirayeli ngentlawulelo: kwaye* ngaphandleni *kwako konke oku, namhla lusuku lwesithathu zenzekile ezi zinto.*

Kananjalo, abafazi abathile bethu babethe sathi nqa, ababesengcwabeni kwakusasa;

Bathe bengawufumani umzimba wakhe, beza besithi, babone nombono wezithunywa, ezithe zona . . . wayephila.

Basuka nabathile ababenathi baya engcwabeni, bafika kunjengoko babetshilo abafazi: ke yena abambonanaga.

Phulaphula ngoku; uYesu.

Waza yena wathi *kubo, Oyi basweli-kuqonda, . . . bantliziyo zizeka kade ukukholwa kuko konke abakuthethileyo abaprofeti:*

UKristu ubengamelwe na kukuthi abuve obu bunzima, aze angene *eluzukweni lwakhe?*

Uqalele ke kuMoses nakubo bonke abaprofeti, wabacahazela zonke, *kuzo zonke izibhalo izinto ezingaye.*

Basondela kuloo mzana, apho *babesiya khona: wanga yena uyegqitha.*

Besuka bamzama, besithi, Hlala nathi: ngokuba kuza *kuhlwa, nemini iseyisangene. Waza wangena ukuba ahlale nabo.*

*Kwathi kwenzeka, njengeko wayehleli esithebeni ndaweninye nabo, wathabatha isonka, waza wasisikelela, wa*siqhekeza, *wa*banika *bona.*

Avulwa ke amehlo abo, baze bamazi yena; wathi shwaka yena kubo.

Batsho omnye komnye, Iintliziyo *zethu bezingavuthi na ngaphakathi kwethu, xa ebethetha nathi endleleni, naxa ebesityhilela izibhalo?*

Besuka kwangelo lixa, babuyela eYerusalem, babafumana abalishumi elinamnye bequkene ndawonye, kwaye xa ba*benabo,*

Besithi, INkosi inene ivukile, yaza ya*bonakala* ku*Simon*.

Kwaye nabo bezicacisa izinto ezenzekileyo endleleni, nendlela athe *wazeka ngayo* ku*bo* ngoku*qhekeza isonka*.

12 Ngoku masithandazeni. Thixo Othandekayo onenceba, sibulela Wena ngeLizwi Lakho, kuba iLizwi Lakho liyiNyaniso, iLizwi Lakho libuBomi. Kwaye Wena, Owu Nkosi, neLizwi Lakho nibaNye. Ke siyathandaza ngobubusuku, Nkosi, ukuba Uyakuza phakathi kwethu emandleni ovuko Lwakho kwaye uwabonise kuthi ngobubusuku, njengabo ababesuka e-Emawusi, okokuba nathi siyakubuyela emakhayeni ethu, sisithi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi?" Siphe oko, Nkosi, kusondela ekuhlweni kwakhona. Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

13 Ngoku ndifuna ukuthetha ngokubhekiselele kuleBhayibhile. Kwaye isihloko sam ngobubusuku, ukwenzela isihloko, ngu: *Iziganeko Zenziwe Zacaca Sisiprofeto*. *Iziganeko Zenziwe Zacaca Sisiprofeto*.

14 Ngoku, iBhayibhile yiNcwadi eyahlukileyo kuzo zonke iincwadi ezingcwele. IBhayibhile yiNcwadi eyahlukileyo. YiNcwadi yesiprofeto, ichaza iziganeko ezizayo. Kwaye IkwasiSityhilelo sikaYesu Kristu. Yonke indlela ukusuka kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo, imkhupha Yena kwinzaliseko Yakhe, into Awayeyiyo nayiyo. Kwaye iyonke yiNcwadi epheleleyo, iSityhilelo 1:1 ukuya kwi-3, ithi iNcwadi yiNcwadi ye "ISityhilelo sikaYesu Kristu," eliLizwi likaThixo. "ISityhilelo sikaYesu Kristu," iLizwi likaThixo!

15 Ngoku, zonke ezinye iincwadi, iincwadi ezingcwele, yimigaqo nje yendlela eyamkelekileyo yokuziphatha, imigaqo yezimilo, okanye imigaqo yezenkolo. Into ethile ethi . . . Bangaphi abakhe bayifunda iKoran, iBhayibhile yamaMohammendan, kunye—kunye nencwadi yamaBhuda, nanjalo njalo? Yimigaqo nje yendlela eyamkelekileyo yokuziphatha, indlela abantu amabaphile ngayo, indlela abafanele baphile ngayo, kodwa ayiprofeti, ayitsho kwanto malunga nezi zinto okanye malunga neziphiwo ezikhethekileyo zinikezelwa nakubani, nantoni ezakwenzeka. Nje ngokuzibandakanya nendawo yokuphumla okanye into ethile. Ngoko ke, xa ibandla lisiza kwindawo elenza icawa yalo nje ukujoyina indawo yokuphumla, ngoko bayaphuma eLizwini likaThixo.

16 Kuba iBhayibhile leliphilayo, ingqina elichaze kwantlandlolo uYesu Kristu. Kwaye njengomhlaba ukhule wafika kwinzaliseko yawo, kwaye kananjalo izidiliya zikhule zafikelela kwinzaliseko, usuku lukhulile lwafikelela kwinzaliseko yalo, iBhayibhile yabonakaliswa kwinzaliseko

yaYo kuMntu uYesu Kristu. Waye eliLizwi likaThixo lityhiliwe, epheleleyo yonke iNcwadi yeNtlangulo. IBhayibhile liLizwi likaThixo, ichaza kwantlandlolo iziganeko ezizayo. Amakholwa ayo ayalelwa nguMbhali waYo ukuba afunde aze akholelwe lonke iLizwi laYo, hayi nje inxenye yaLo. ILizwi elinye, ukungalikholelwa Lona, ungasele uyeke ukuzama ude ube ukholelwa ela Lizwi. Lonke iLizwi ngenene yinxalenye kaThixo uSomandla; uThixo wenziwe wabonakala, libotshelelwe eLizwini Lakhe, ukubonisa ukuba Ungubani Yena. Siyayalelwa, njengamakholwa, ukuba sikholelwe lonke iLizwi laLo. Kwaye Libhalwe nguMbhali kaThixo ngoKwakhe. Akukho mntu onokongeza nantoni kuLo okanye athathe nantoni kuLo. Ukuba uyakuyenza, iyakuba ngumzimba ongaqhelekanga kaThixo. Iyakuba, mhlawumbi njengeminwe emithandathu kwisandla esinye, okanye—okanye iingalo ezintathu, okanye into ethile, ukongeza into ethile, ukususa into ethile kuyo ize ibe nganeno ngengalo enye, umnwe omnye nganeno. NguMzimba opheleleyo kaYesu Kristu. Kwaye kuKristu, ekubeni yiNdoda, uMyeni, uMtshakazi umelwe kuYe kananjalo. Kwaye aba babini baNye. "Ngaloo mini niyakwazi ukuba Ndikuye uBawo, noBawo ukuM, Ndikuni nani nikuM." Onjani ukuphelela umfanekiso!

17 Kwaye amakholwa enene kweli Lizwi, awamkela Lona ngala ndlela, ayalikholelwa Lona, kwaye ngomonde alinda ezithenjisiweyo iziprofeto Salo, zonke kuzo zibonakaliswe kwisigaba salo. Lonke ikholwa liqaphele oko. Lonke ikholwa elichophe ngenzwane, liqaphele, lelo kutyhilwe kulo.

18 Ngoku jonga kwiintsuku zokuza kweNkosi uYesu. Kutheni abo bantu bengazange bamqonde uYohane, xa iBhayibhile yatsho kokucacileyo ngo Isaya, "Kuyakubakho ilizwi lothile ememeza entlango, 'Tyenenezani umendo weNkosi'"? Umprofeti wabo wokugqibela ababenaye, onguMalaki 3, wathi, "Yabonani, Ndikuthumela umthunywa waM phambi kobuso baM ukuba alungise indlela." Kutheni bangazange bayibone? Ngokuba babejonge phezu kwento ethile eyayenziwe, beselekelezele iingcinga zabo phezu komyalezo ogqithileyo ngaphambili, baze basilela ukubona ukubonakaliswa kwangoko kukaThixo kumhla ababephila kuwo.

19 Kwaye amaKristu, ndawo zonke, oko kulapho kanye ihlabathi limi khona ngobubusuku. Ngaphandle kwempikiswano, leyo yinyaniso! AmaKristu, ndawo zonke, azama ukujonga ngasemva kumgaqo othile wendlela eyamkelekileyo yokuziphatha athe uMnu. Luther wayibhala, okanye uMnu. Wesley, Sankey, Finney, Knox, Calvin; ntoleyo, namnye kuthi onokuthetha okubi ngayo, kodwa oko kwakukokomhla ogqithileyo.

20 Abafarisi bajonga ngasemva ukubona oko uMoses wakutshoyo, baza bathi, "SinoMoses. Asazi apho uvela khona Wena."

21 Kodwa khumbula, xa uMoses ebelapha, babengazi apho avela khona. Yabona? Kwaye ngoku ba . . . Akumangalisi uYesu wathi kubo, “Niwombisa amangcwaba abaprofeti, kwaye inini ababafaka phaya.” Emva kokuba uMyalezo wabo umkile! UMyalezo uyagqitha, abantu baWubone, bahlekise Ngawo (ihlabathi liyayenza). Kuze emva kokuba egqibile umthunywa noMyalezo ugqityiwe, baze bakhe ihlelo phezu koMyalezo. Kwaye phaya bayafa, kanye phaya, abaze babuyele eBomini kwakhona.

22 Jonga nje ithutyana, kwabanye benu bantu, kwaye ingakumbi ndithetha nani bantu bobuKatolika. Ingaba niyaqonda, ingaba nakhe nafunda imbali yenene, imbali yebandla iRoman Catholic? Indlela ekwabayiyo kubafeli nkolo benu, ukususela kuNgcwele Augustine wase Hippo, indlela ezininzi izigidi zabantu abamsulwa elathi ibandla lababulala! Ndiyalibala, andinakuchaza inani ngokuchanekileyo, kodwa kuphezulu kwizigidi, ukususela kuNgcwele uHippo wase . . . Ngcwele Augustine wase Hip- . . . wase Hippo, Afrika, benza isindululo sokuba yayiyintando yokwenene kaThixo yokubulala nabanina oqhankqalazela icawa iRoman Catholic. Ingaba niyaqonda oko koko, ukuba uNgcwele Patrick zange aqondwe de kwabe semva kokufa kwakhe, njengomKatolika waseRoma? Waqhankqalazela ipope nazo zonke izenzo zayo, kwaye icawa yobuKatolika ngokwayo yabulala ishumi lamawaka labantwana bakhe. Benisazi ukuba icawa iKatolika yatshisa uJoan wase Arc, lowa mncinci ungcwele umfazi, endaweni yokutshisa, ngokuba yi- . . . bathi wayeligqwirha. Kumawaka amabini eminyaka kamva, bomba imizimba yabapristi, xa bafumana ukuba kwakungalunganga, bayiphosa elwandle, ngaphandleni kokuyingcwaba kwimihlaba engcwele, ukwenza ungxengxezo.

Sukuvumela umhla ugqithe phezu kwentloko yakho, ube sisiyatha.

23 Indlela bona abapriste abebenokuthanda ngayo, ngobubusuku, ukuza ngaphambili, abagweba uYesu. Into ekuphela kwayo, abangazange babona uqikelelo lwala yure. Ukuba babe . . . Wathi uYesu, “Phengululani iZibhalo, ngoba Kuzo nicinga,” okanye, ngandlela ithile, “nibanga ukuba ninoBomi obuNgunaphakade, kwaye iZibhalo zizo ezinichazelayo NdinguBani,” ngala yure.

24 Qwalasela, iBhayibhile ayinakusilela. Yilonto inye Engenakuyenza, iLizwi likaThixo, ukusilela, kuba Lichaza kwantlandlolo izenzo zoMbhali Wayo ngaphambi kokuba Azenze.

25 Ngoku, kukho ithuba elinye ewakeni lokuba umntu angenza uqikelelo lokuba into ethile engenye izakwenzeka, kwaye iyakwenzeka. Kodwa ngoko ukuba utsho *apho* iyakwenzeka, oko kumphungulela ezantsi mhlawumbi kwithuba elinye

kwishumi lewaka. Ukuba ichazile *usuku* eyakwenzeka ngalo, iyayiphungula ezantsi, ithuba elinye kokumalunga nesigidi. Nokuba iyakwenzeka *kubani,* oko kuyihlisela kwisigidi samathuba.

26 Kodwa leBhayibhile ikuxelela ngqo *ngubani, nini, phi,* kwaye *yintoni* omawuyijonge, kwaye zange yasilela naxesha liphi. Ngenxa yoko, kwincoko encinci kungekudala, kunye nompristi wecawa iSacred Heart phezulu apha; wathi, "Mnu. Branham, uzama ukuxambulisana neBhayibhile." Wathi, "Oko yimbali yebandla."

Ndathi, "Asiyombali. NguThixo, Ngokwakhe, ekumbhalo."

Wathi, "UThixo usebandleni Lakhe."

27 Ndathi, "UThixo useLizwini. Kwaye nantoni echasene naLo, mayibe bubuxoki. Ngoba Wathi, 'Makathi aMazwi Am abe yinyaniso aze amazwi omntu abe bubuxoki.'"

Wathi, "Akufanele sixambule."

28 Ndathi, "Andizange ndakucela ukuba uxambule, kodwa iBhayibhile iyatsho, 'Yizani sibonisane.'"

29 Ichaza kwantlandlolo izenzo zoMqambi phambi kokuba Azenze. Ngenxa yoko, ekuchazeni oko, oko ke kubeka yonke indoda nomfazi, kwiSihlalo Somgwebo, ngaphandle kokuzithethelela. Ukuba uthatha oko ikutshoyo iWisile malunga naYo, oko ikutshoyo iBhaptizi malunga naYo, oko ikutshoyo iKatolika, oko eyakwaMoya ikutshoyo, okanye nayiphi enye icawa, ungafumana ukuphoxeka okuthile eMgwebeni. Kodwa ukuba uyakuqaphela nje oko iBhayibhile ethi kuzakwenzeka, naxa isenzeka, ngoko uyakuqonda okwenzekileyo.

30 Ngoku, akukho selubala okokuba bonke abantu bayibone, kuba uYesu wabulela uThixo ngokuyifihla emehlweni ezilumko nengqondi, aze ayityhile ezintsaneni zona ezinokufunda. Cinga ngoThixo uSomandla ehleli eLizwini ElileLakhe, enamandla okumfamekisa isityebi nengqondi ne—nezifundiswa ezifundileyo, amfamekise amehlo azo ukuze zingamboni Yena, aze avule amehlo amahlwempu nabangafundanga.

31 Qwalasela aba bantu basuka e-Emawusi, Wathi okwabo—okwabo ukuqonda ngaYe kwakubanjiwe. Bathetha naYe kodwa bengazi nokuba uNgubani, imini yonke. UThixo unakho ukuyenza lonto, kuba UnguThixo.

32 Yilonto kanye Awayenzayo kwabo babingeleli, abo babhali, ngokuba Yayibhaliwe eyokuba Uyakuyenza lonto. UThixo wamfamekisa amehlo abo ukuze sibe nethuba. Qwalasela, babengenakho ukubona, nokuba babezizifundiswa kangakanani, babengababingeleli kangakanani, yintoni abayenzileyo, noko babenganakho ukuLibona, ngokuba babezimfama. Ukubona kwabo kwakunokuba ngamashumi

amabini amashumi amabini, ngokwenyama. Kodwa ukubona kwabo komoya!

33 Into ekwanye ebendizama ukuyitsho ngale ntsasa malunga nokrexezo lwabafazi, benxibe ngendlela abenza ngayo ngoku. Bangabakrexezikazi. ENcwadini kaThixo banetyala lokukrexeza ngalo lonke ixesha benxiba impahla ezikhanukisayo. Umphefumlo wabo, bengayazi lonto. Ndiyabakholelwa bona abafazi, abaninzi babo, amawaka abo, bamsulwa, kwaye bengasokuze nakanjani bakrexeze. Kwaye abafazi abahluphekileyo, kunye nomntu othile oyakubayeka baqhubeke nalonto, ngaphandle kokuyidandalazisa achaze inyaniso, uyakrexeza. Ntoleyo, iBhayibhile ithe, "Ihenyukazi elihleli phezu kwamanzi amaninzi, abathi bonke ookumkani bomhlaba nabantu bomhlaba, iicawa nanjalo njalo, benza umbulo wokomoya kunye nalo. Kwaye wayeNGUNINA WAMAHENYU," amahlelo.

34 Siqaphele iBhayibhile, ngoba uThixo akasishiyi ebumnyameni. Uthumele iBhayibhile isixelele kwantlandlolo iziganeko ngaphambi kokwenzeka kwazo, kwa nolona hlobo nexesha eziyakuza ngalo.

35 Ngoku, iyinto ekhangeleka ngathi ujonge ikhalenda ukuze ubone umhla onguwo. Ukuba ucinga, ukuba lona nguloMqibelo, iCawa, yintoni? Jonga ekhalendeni. Ikhalenda iyakuxelela usuko olululo. Xa ubona izenzo zabantu, mhlawumbi besiya ecaweni, ubona i—i . . . uva ukubetha kweentsimbi, umangaliswe ukuba kwenzeka ntoni. Jonga ekhalendeni, yona iyakuxelela ukuba loluphi usuku.

36 Kwaye xa ubona ibandla lisiba lihlabathi, njengoko lalinjalo ngemihla yeSodom, ubona ibandla lehlabathi lonke lisiya eku . . . nquleni "uthixo wesi sigaba singcolileyo," kwaye ubona noko; ngoko ubone igcuntswana leqela elincinci lihlanganele phantsi kwempefumlelo kaThixo, livelisa kwakhona uBomi bukaYesu Kristu, ngeZibhalo ezifanele zenzeke, uyazi ixesha ophila kulo.

37 Le Bhayibhile ichaza kwantlandlolo, ngesiprofeto, loluphi usuku esiphila kulo, kwaye leliphi ixesha esiphila kulo, kwaye loluphi uhlobo lwesiganeko ekufanele zenzeke. Iyixela kwantlandlolo ngokuchanekileyo ngqo, kwaye zange yaphosa nasinye isigaba, lonke ixesha. Nangelinye ixesha Yakhe yaphosa, kwaye Ingasokuze, ngoba abo banyulelwayo ngexa elingaphambili ukuyibona bayakuyibona. Wathi uYesu, "Akukho namnye unokuza kuM, engathanga uBawo Wam amtsale, kwaye bonke abo uBawo andinike bona Mna bayakuza." LiLizwi lijoyina iLizwi. Alinakwenza nto engenye. Siyawazi, umhla esiphila kuwo.

38 Kodwa njengoko bekunjalo kuso sonke isigaba, abantu bavumela amadoda afake olwabo utoliko eLizwini, bababangele

ubumfama ekuboneni iziganeko ezenzekileyo. Into ekwanye eyenzekayo kubaFarisi nabaSadusi. Nkqu naxa uPawulos wema phaya wazama ukucaphula iSibhalo, yaza enye indoda yamqhwaba ngempama ngokuba wabiza umbingeleli ngomhanahanisi. Baze ngoko bakuphosa ukubona uThixo eqinisekisisa iLizwi Lakhe eliprofetiweyo.

39 Yabona, iLizwi Aliziphikisi; iBhayibhile nguThixo. Akukho mpikiswano kuThixo; Ugqibelele.

40 Kodwa abantu, ngotoliko lwabo! Ngoku qwalasela, mandinibonise, zihlobo. Iicawa azinakuvumela kutoliko lwaYo. AmaWisile akanakuvumelana namaBhaptizi, amaBhaptizi namaRhabe, amaRhabe abakwaMoya. Kunye namashumi amane eyahlukeneyo imibutho yakwaMoya, azinakuvumelana omnye nomnye. Ke uyabona, oko kuyakuba yiBhabheli kwakhona, ubhidano.

41 Kodwa uThixo Uyazitolikela ngokwakhe iLizwi Lakhe. Uyithembisile lento, emva koko ayenze ngoKwakhe. Uyanika, ngoKwakhe, utoliko lwayo, ngokuba Uzazisa ngoKwakhe ngala yure. Uhambele phambili—kangakanani uMzimba kaKristu, ukusuka ezinzwaneni ukuya entloko!

42 Qaphela, eso sisizathu sokuba aba bantu basilele ekuyifumaneni, ngokuba bamamela koko omnye umntu akutshoyo malunga naYo, endaweni yokufunda iLizwi njengoko uYesu wabaxelelayo, "Kwaye ngawo Angqina ngaM. Phengululani iZibhalo, kuba kuZo nicinga ninoBomi obunguNaphakade, zaye Zona Zingqina ngaM." Ngamanye amagama, phulaphulani, "Intoni? Fundani iZibhalo nize nibone awayefanele akwenze uMesiya. Khangelani ixesha uMesiya awayefanele uze ngalo. Jongani ngubani owayezakwandulela uMesiya. Jonga kwiyure. Kufanele kubekho izwi lothile ememeza entlango, uYohane. Kwaye nenza kanye ngqo oko benikuthanda. Jonga into bendifanele Ndiyenzile xa Ndezayo. Kwaye ngoku yintoni eniyenzileyo? Ingaba ndikhe ndasilela ukuzalisekisa Oku?" Yabona, uYesu ethetha, "Ingaba Ndakhe ndasilela ukuzalisekisa Oku?"

43 Qwalasela, njengoko sisihla ngeZibhalo ngale mvakwemini, indlela eyenzeka ngayo yonke into eyayiprofetiwe ngaYe kanye ngokuthe ngqo ngendlela ekwakufanele kunjalo. Kwakufanele basazi esi siganeko. "Lo mthabatheki, uMfo omncinci wavuka, malunga namashumi amathathu anesithathu leminyaka ubudala kwaye. . . okanye amashumi amathathu eminyaka ubudala, waza wehla phaya wabanga zonke iintlobo zoKukhanya, namaHobe esihla. Kwaye, kutheni, yayili—lihlazo nje." Bathi, "Wayezalwe ngokungekho sesikweni ngabazali bakhe, ebanga ukuba Wazalwa ngozalo lwentombi engazananga nandoda."

44 Babengafanele bazile na ukuba watsho u-Isaya, ku-Isaya 9:6, "Sizalelwe uMntwana"? Babengafanele bazile kananjalo

okokuba umprofeti u-Isaya wathi, “Intombi iyakumitha”? Babefanele bazazile ezi zinto. Kodwa, uyabona, into eyayiyiyo, babeyibekela indawo ethile esekude. Kwaye le Ndoda, kubo, zange izalisekise imigqaliselo. Kodwa Wababuza, “Phengululani iZibhalo, kuba nicinga ukuba kuZo ninoBomi obunguNaphakade, kwaye Zona yeyonaNto engqinela uMyalezo waM.” Hayi oko owakalizwi othile okutshiloyo; kodwa oko uThixo, iLizwi Lakhe Yena, lithe iyakwenzeka! Amen!

45 Iyilonto ngoku! Phengululani iZibhalo, kuba Zizo Zona ezisixelelayo iyure esiphila kuyo, zisixelela ngqo oko kuyakwenzeka kulo mhla. Zizo Zona okufanele uthembele kuzo, kuba Zizo Zona ezingqina ngoMntu uYesu Kristu. Kuba iBhayibhile ikutshilo, ukuba, “Unguye izolo, namhlanje, naphakade,” kuba Usisityhilelo seLizwi kwisigaba. Akanakuba ngumahluko.

46 Ngenxa yokuphulaphula utoliko lomntu, bayabona ukuqinisekiswa kweLizwi likaThixo lizalisekiswa, basilela ukuLibona. Ngokuba, liyaqhubeka lonke ixesha, kodwa ngokuba baphulaphula . . . Kwaye uYesu wathi, “Bangabakhokeli abaziimfama.” Kwaye ukuba imfama ikhokela imfama, kwenzeka ntoni kubo? Ngoku khumbula, iBhayibhile iqikelele ukuba esi sigaba senkolo yezakwalizwi yesi Sigaba saseLawudike sasimfamekile. Babemkhuphele ngaphandle kwebandla Yena. Asikho esinye isigaba, esinye isigaba sebandla, apho uYesu wayengaphandle. Kodwa iSigaba seBandla laseLawudike, Wayengaphandle, ezama ukungena ngaphakathi, “Ndimi emnyango ndinkqonkqoza.” Kufanele ukuba abe ngaphakathi. Kodwa Wathi, “Kuba uthi, ‘Ndityebile, ndizityebisile, andiswele nto,’ kwaye ungazi, ungazi ukuba uyimfama, ukhokela imfama, uhluphekile ngomoya, udwayi, usizana, uze, kwaye akuyazi lonto.” Enjani imp- . . . Ukuba umntu wayehamba ngaze esitratweni, elusizana, eyimfama, kwaye usazi unesazela ngokupheleleyo sokuba unokumxelela wayeze, uyakuzama ukwenza into malunga nayo. Kodwa xa ahlunguzelise intloko yakhe, athi, “Andisokuze ndibeNalo. Ungubani wena undixelele emandikwenze? Ndiyazi apho ndimi khona.” Ngoku, ukuba oko akumanga ngendlela elusizi, andazi. Kwaye ngokuchanekileyo koko uThixo waleBhayibhile akutshiloyo okokuba ibandla liyakubakuko, kwesi sigaba singcolileyo kanye ngoku, kwibandla lesigaba sokugqibela apho siphila khona.

47 Qwalasela, kodwa ebantwini, “Abo Ndibathandayo, Ndiyabohlwaya.” Ngoku, uyohlwaywa yiNkosi, ngoko ukwenzayo, phuma kuko ngelo xesha! Mka kuko. “Abo Ndibathandayo, Ndiyabohlwaya.”

48 Ngoku, ukubona uThixo, ngoku, bekungathini ukuba abo baFarasi babenokuthi, “Khawume umzuzu. La Ndoda isisokolisile kakhulu, Ithe, ‘Phengululani iZibhalo, kuba

kuZo nicinga ninoBomi obuNgunaphakade; Zona zingqina ngaM.' Kungcono ukuthi ndijonga ngasemva eZibhalweni ndize ndifumane oko Afanele akwenze, Ngubani Yena, yintoni ekufanele yenzeke. Kufanele ndijonge emva ukuze ndifumane"? Endaweni yokuya, baya kubabingeleli baze babuza kubo, "Malunga nantoni naSo?" Yabona umahluko? Babefanele bafunda iLizwi.

49 KumaHebhere 1:1, ithe iBhayibhile, "UThixo, kumaxesha amandulo," oko, "ngamaxesha akudala nangendlela ezahlukeneyo wabhala iBhayibhile ngabaprofeti." Ngoku qwalasela, Wabhala iBhayibhile ngendlela ekhethwe Nguye Yena. Yabona? Ngoku, Wayenganyazelekanga ukuba aYibhale ngala ndlela, nokuba Asindise umntu ngeGazi. Wayenganyanzelekanga ukuba ashumayele iVangeli ngomntu; Wayenokwenza ilanga okanye inyanga okanye iinkwenkwezi zishumayele iVangeli, Wayenokwenza imimoya ihamishe iVangeli. Kodwa Wakhetha umntu! Kwaye Wakhetha indlela iLizwi Lakhe eleza ngayo, kwaye leyo yayingokwabaprofeti Bakhe abanyulwa kwangaphambili okanye bathanjiswa kwangaphambili, beyinxalenye yeLizwi likaThixo, bebabaza ukutyhilwa kweLizwi Lakhe kwesa sigaba nelaxesha. "Kuba iLizwi likaThixo leza kubaprofeti kuphela." Alisokuze Lize kowakwalizwi. Ndibonise iSibhalo. Liza kuphela kuba profeti. UThixo akanakuxoka. Ke uThixo wabhala iBhayibhile ngendlela ekhethwe Nguye, nangabakhethwe Nguye Yena abaprofeti, hayi abaprofeti abakhethwe ngabantu, kodwa abaprofeti abakhethwe nguThixo.

50 Ngoko amakholwa aLo aqaphela ukuzalisekiseka koko abaprofeti babo bakutshiloyo, kwaye oko kukubonakaliswa kokuba bangabaprofeti bakaThixo. Ngokuba, okokuqala, baphefumlelwe. Okulandelayo, bahlala ngqo kunye neLizwi leyure. Ngoko oko zimpawu zakhe. Yabona, sigqithile kuko oko kwiCawa egqithileyo. Abaninzi abaprofeti bobuxoki bayakuvuka. Kwaye sinike umzekelo wendlela laa Bhalam noMoses, bobabini bethanjisiwe ngoMoya omnye, omnye wabo wathi, "Sibanye sonke. Yizani sihlangane, sifake amantombi ethu adibane onke. Sinamantombi amahle ngapha, kwaye nina makhwenkwe yizani ngapha nizithathele abafazi abahle. Ilungile yonke lonto, singabantu abanye sonke, nakanjani, uhlanga olunye." UThixo zange abaxolele ngalonto. Bamamela kulonto.

51 Yabona, ihlabathi kunye na—nabantu baqaphele into ethile encinci ephumayo, into ethile encinci egqithayo, into encinci eyindlela emfutshane, kodwa akukho ndlela zimfuntshane eLizwini likaThixo. Kukho uMkhomba ndlela omnye. Kufuneka uzisike ukuze ulungelelane nala Mkhomba ndlela, ungazami ukusika uMkhomba ndlela ukuze ulungelelane nawe. Wonke

umntu kufuneka enze lonto. Leyo kuphela kwendlela anayo uThixo yokuyenza.

52 Qwalasela ngoku, amakholwa alindele ela Lizwi liqinisekiswe. Yabona, Alizange libhalwe ngumntu, kodwa yiNkosi uThixo, ngenxa yoko Aliyoncwadi yomntu.

53 Umntu othile wathi, "Liyincwadi nje endala yokubhalwe ngesiHebhere." Ingaba amaHebhere angabhala incwadi egweba kwawona? Ingaba esasizwe sihle samaYuda, esizithandayo nesizingcayo, singabhala izikreqo zaso, sizigweba ngokwaso? Ngokuqinisekileyo hayi. Sithethe ngezono zaso, indlela esangena ngayo kunqulo zithixo, indlela esenza ngayo imibulo ngokuchasene neLizwi likaThixo? Hayi, hayi. Besingasokuze sichaze oko, esa sizwe sizingcayo.

54 Asiyoncwadi yomntu. YiNcwadi kaThixo. Kwaye umntu obona imibono okanye ova iZwi likaThixo, zange ayiqonde (amaxesha amaninzi) ngokwabo, kumaxa amaninzi. Yabona? Abantu zange babhale iBhayibhile. UThixo wabhala iBhayibhile. Asiyo . . . Asiyoncwadi yomntu. YiNcwadi kaThixo. Yingcinga kaThixo ivakaliswa ngemilebe yomntu. Yilonto eyenza Ibe yiBhayibhile. Ingcinga ivakalisiwe lilizwi. Kwaye ekuqalekeni yayiyiNgcinga kaThixo, Wayivakalisa Yona ngemilebe yabaprofeti Bakhe wayiqinisekisa Yona ngabakhonzi Bakhe. Yabona? Qwalasela.

55 UThixo Uzikhethela Ngokwakhe, ngolonyulo lwexa elingaphambili, wakhetha abaprofeti besigaba ngasinye. Yiqwalasele. Ulungisa isimo salamprofeti ukuze alungele esa sigaba. Yabona, Ulungelelanisa uhlobo lwakhe, nantoni ayenzayo. Uyamlungelelanisa nokuba ufundile nokuba akafundanga. Ulungelelanisa isipho, indlela ayakushumayela ngayo, isipho ayakuba naso. NoMyalezo wesa sigaba sithile, uThixo uyibekele ngexa elingaphambili lanto ithile ukuba yenzeke kwaye akukho nto yimbi enokuthatha indawo yayo. Akukhathaliseki nokuba yintoni, zingaphi impumelelo ezenziwe ngumntu, akukho nto enokuthatha indawo yayo. Umanyule umntu ngexa elingaphambili, mhlawumbi iqaba lomntu. Usenokuba wanyule kwangexa elingaphambili olunye uhlobo lomntu. Nokuba ngubani, Umnika udidi lwakhe, esakhe—esakhe isipho, umnika uhlobo lwakhe, ukhetho lwakhe, nantoni eyiyo, indlela azivakalisa ngayo, nantoni na ayenzayo. Wenza indoda yeyure ibambise abantu beyure. Injalo. Uyayenza.

56 Ekupheleni kwesigaba ngasinye, xa ibandla lijike laya ehlabathini nakwisono, laza loyama kutoliko lomntu ngeLizwi. Njengoko kwasoloko, basoloko, ekupheleleni kwesigaba, bangena kwenjalo imbutyulelo ngenxa yabezezakwalizwi babo nabapristi ide ibeyimbutyulelo okoko. Lwasoloko luphosile utoliko lwabo, akukho nalinye ixesha apho lwakhe lwasilela

ukungaphosi. Kwaye akukho nangalinye ixesha iLizwi likaThixo lakhe lasilela ukuba lelilungileyo. Lowo ngumahluko.

57 Ngoku uyabona, uThixo wabhala iBhayibhile, Ngokwakhe. Ngoku, uThixo angathetha. UMoses uthi Wathetha naye. UYeremiya wathi, "Wabeka Amazwi emlonyeni wam." Kwaye uThixo angabhala. Wabhala imithetho elishumi ngomnwe OngoWakhe. Wabhala eludongeni lwaseBhabheli. Kwaye, khumbula, okwe Testamente Endala kodwa, amaxesha angamawaka amabini abaprofeti bathi, "ITSHO INKOSI!" UThixo angathetha, uThixo angabhala. Ngokuqinisekileyo. Phantse amashumi asithoba eepesenti kaMateyu, Marko, Luka, no Yohane, ngaMazwi kaThixo Ngokwakhe, uYesu Kristu ethetha. Ke, ukuba uThixo angabhala, ukuba uThixo angafunda, ukuba uThixo angathetha, Akanakwenza abanye benze into ekwanye? Akatshongo na kuMoses, "Ngubani owenza abantu abakwazi kuthetha okanye ngubani onika intetho?" UThixo wabhala iBhayibhile ngabaprofeti, indlela Yakhe yokuyenza.

58 Ngoku lonke ixesha ibandla libakwingxuba kaxaka (kwaye uThixo wazi kwangaphambili ukuba bayakubanjalo, kuba Wazi kwangaphambili zonke izinto), ngenxa yoko Uba nomprofeti Wakhe othile olungele esa sigaba, ukubiza abanyulwa Bakhe ngeLizwi Lakhe elingqinelweyo lemiqondiso nezimanga, nokuqinisekiswa kweLizwi Lakhe, "ukuqinisekisa iLizwi ngemiqondiso elandelayo," njengoko Wathembisayo. Unika utoliko olunyanisekileyo emva kokuba umprofeti ngokwakhe engqinelwe.

59 Bonke kodwa kuphela abo, abanyuliweyo uthunyelwe kubo, bamthiyile. Ngoku, phicotha sonke isenzeko ukuze ubone ukuba oko kulungile okanye hayi. Kuphela abo Athunywe kubo! "Weza kwaBakhe Yena, kwaye abangaBakhe Yena abamamkelanga Yena. Kodwa abo bamamkelayo Yena, Wabanika igunya lokuba ngoonyana bakaThixo." Qwalasela, hayi. . . konke ukuphicothwa kweLizwi, kuso sonke isenzeko, kunye nasekupheleni kwaso sonke isigaba okanye uvutho-ndaba okanye isiphambuka, njengoko ndikhe ndashumayela kuyo amaxesha amaninzi.

60 Jonga kwisigaba sikaNowa, kuvutho-ndaba ngaphambi komgwebo. Kwenzeka ntoni? UNowa, yayilusapho lwakhe kuphela olwayikholelwayo indoda. Bonke abanye bamgxeka. Watshabalalisa ihlabathi lonke.

61 Kwimihla ka Abraham, liqela lika Abraham kuphela elakholelwayo. Xa iiNgelosi zehlayo ukuya kushumayela eSodom, nguLote nomfazi wakhe kuphela neentombi zakhe ezimbini abaphumayo, waza umfazi wajika wabayintsika yetyuwa.

62 Kwimihla kaMoses, kuphela ngabanyulwa bakaSirayeli abaphumayo. UFaro wamthiya.

63 Kwimihla ka-Eliya, yonke into (phantse) kodwa amawaka asixhenxe amadoda, wonke kubo amthiya, isizwe sonke.

64 Kwimihla kaYeremiya, kutheni, bamgibisela ngeziqhamo ezikrwada, baza bambiza ngomthabatheki, ngokuba walala ngecala iintsuku ezininzi, nangelinye icala, waza—waza wathatha izinto wenza imizekeliso. Bamthiya.

65 U-Isaya umprofeti, wohlwaya olwa hlanga kakhulu de bamsarha kubini ngesarha. Injalo.

66 UYohane umBhaptizi. "Wayeyindoda endlongondlongo ezantsi phaya, igeza elithile elikhwazayo."

Bonke kuphela—kuphela ngabo bafundi awabasa kuYesu Kristu njengebandla! Nantso ke. UYohane walungisa abantu. Bangaphi awayenabo? Ungababala ngeminwe emibini . . . ngezandla zombini, iminwe yakho, bangaphi awabasayo uYohane kuYesu xa Wezayo. Ngoku, kobekela phi eKuzeni Kwakhe kweSibini? Cinga ngoko.

67 Kodwa xa amakholwa enene eBhayibhile elibona iLizwi lingqinelwe ngokuphandle kwisigaba, ayakholelwa. Akukho ndlela okuwaqanda kuLo, ayalikholelwa Lona. Bade batywine ubungqina babo ngegazi labo. Bayalikholelwa Lona. Kungoko injalo kubo, abanyulwa bexa elingaphambili, okokuba ngako oko kweso sigaba esathi sabona saza sakholwa.

68 Abanye abanakho ukuLibona; bamfamekisiwe. Ngoku, uthi, "AbanakuYibona." Ngoku, njengoBhalam, kutheni uBhalam wayengenakho ukubona Oko? Wayengumprofeti, ethanjisiwe. Kutheni uFaro engazange aLibone? Xa wabona isandla sikaThixo sisihla sisenza imimangaliso khona phaya, kuphela yenza lukhuni intliziyo yakhe. Ingaba injalo? Kutheni uDathan angazange aLibone, umYuda ngokwakhe? Kanye phaya, ewele uLwandle oLufileyo, waza watya imana qho ngobusuku, eyawa isentsha, kodwa noko zange alibone Lona. Kutheni uKorah angazange alibone Lona? Kutheni uKayafa angazange alibone Lona? Wayeyidoda eyintloko yenkolo yehlabathi ngelo xesha. Kutheni engazange ambone ukuba yayinguMesiya? Kutheni uYuda engazange alibone Lona? UYuda wayekunye nabo, ehamba nabo, esenza imimangaliso kunye nabo. Kodwa iLizwi kwakufanele lizaliseke. IBhayibhile ithi bavuswa ukuba bathathe la ndawo. Bavuselwa lonto. Yinyaniso leyo. KwabaseRoma 8 iyayitsho.

69 Ngoku amakholwa anakho ukulibona iLizwi lenziwe inyama kwisizukulwana sabo, UThixo ethetha. Ngoku, wona amakholwa enene, wona amawaka asixhenxe (okanye kwakungamakhulu asixhenxe?) ngemihla ka-Eliya. Amawaka asixhenxe injalo. Kwimihla ka-Eliya, kwakukho amadoda angamawaka asixhenxe kumadoda amalunga nesibini okanye isithathu sezigidi, awakubonayo oko ukuba Kona kwakulungile. Hayi nkqu nekhulu labantu, kunzima. Kodwa bayibona Yona

ukuba yayilungile. Bambona uThixo ebonakalisiwe. Lowa umdala umhlolokazi awayethunyelwe kuye u-Eliya, waphuma waya kuchola ezo nkuni, ukuze enze iqebengwana, kwaye nje okwaneleyo ukwenzela yena nonyana wakhe, baze emva koko bafe. Kodwa qaphela u-Eliya, wathi, "Yenzela mna, kuqala. Kuba, ITSHO INKOSI, umphanda womgubo awuyi kuphela neselwa le-oli aliyi kuminyelelwa ide ibe ngumhla iNkosi uThixo ayakuyithumela ngayo imvula phezu komhlaba." Akubangakho mbuzo, waqalisa ukuhamba ukuyokwenza iqebengwana waza wamnika. Wathi, "Yenzela mna kuqala, uze emva koko uye kwenzela wena nonyana wakho." Kuba, wayiva la ndoda, waza wajonga kuyo; wayeyimbewu eyanyulwa kwangaphambili.

70 Abaninzi babo bathi, "Nasiya esa sibhoxi sidala kwakhona. UThixo usiqalekisile ngenxa yakhe," khumbula, u-Eliya. Bathi, "Nguwe wena okhathaza uSirayeli."

71 Wathi, "Nini abakhathaza uSirayeli." Yabona ngubani uThixo . . . LelikaBani iLizwi awayelingqinela? ILizwi Lakhe Yena.

72 Ngoku iBhayibhile ithi bavuswa ngenxa yesi sizathu, kodwa xa . . . o—ongakholwayo. Kodwa ngoku xa ikholwa lenyani linokubona iLizwi lesa sigaba lenziwe inyama, uThixo ethetha ngemilebe yomntu aze emva koko enze ngqo oko Athe Uyakwenza, oko kuyayisombulula!

73 Ngoku qaphela lona lonke. Sukuqwalasela imiqondiso. Ukuba uqwalasela imiqondiso, uyakubhanxeka ngokuqinisekileyo njengehlabathi. Abaprofeti bobuxoki bayakuvuka baze babonise imiqondiso nezimanga eyakukhohlisa nabanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka. Qaphela iLizwi. Jonga kwaba babingeleli, aba baprofeti, abaprofeti bamaHebhere bemi phaya. UZedekiya enempondo ezinkulu ezimbini, kwaye esithi, "Ndingumprofeti othanjisiwe kaThixo." Yinyani. "Ndinamakhulu amathathu anamashumi asithoba anesithoba kanye apha kunye nam, kwaye uMoya oyiNgcwele uphezu kwethu, ungqina kwaye usithi la mhlaba ungowethu. Masinyukeni siwuthathe. Kwaye ngezimpondo, Ahabhi, uyakutyhalela ngaphandle komhlaba wethu utshaba, kuba uThixo wethu wasinika lo mhlaba."

74 Qaphela la ndoda yenkolo, indoda elungileyo, uYehoshafati, yathi, "Akunaye na omnye?"

75 "Omnye ngaphezulu? Kukho amakhulu amane ekwimvumelwano!" Wathi, "Ewe, ukhona omnye apha jikelele, kodwa ndimthiyile." Wathi, "Wasoloko esingxolisa sonke kwaye esixelela indlela esingoonozono ngayo, nayo yonke into." Wathi, "Ndimthiyile! Yena, nguMikaya, unyana ka-Imla."

76 Wathi, "Owu, makangatsho njalo ukumkani. Hambani nize naye ukuze sive oko akutshiloyo."

77 Ke behla naye bamzisa phaya. Wathi, “Ndinikeni obu busuku ndiyakubona oko iNkosi ikutshoyo malunga nayo.”

78 Wathi u-Ahabhi, “Ndiyakuyalela, ungandixeleli nenye into ngaphandleni kwenyaniso.”

79 Yaza yeza indoda, yathi, “Ngoku, ukuba ufuna ukubuyela kubudlelwana obulungileyo, yitsho nje njengabanye bonke babo.”

UMikaya wathi, “Ndiyakutsho nje oko uThixo akutshoyo.” Yabona?

80 Kwintsasa elandelayo, baphuma. Ookumkani banxiba iingubo zabo, bahlala esangweni, zonke izitatanyiswa. Umprofeti emile phaya. Wathi, “Ngoku, mthabatheki, uthini malunga nayo?”

81 Wathi, “Nyukani.” Wathi, “Kodwa ndibona uSirayeli echithachithwe njengezimvu ezingenamalusi.”

82 Wambe-. . . wathatha isandla sakhe wambetha emlonyeni. Umprofeti wabetha umprofeti emlonyeni. Ngoku, bobabini abo baprofeti bathanjisiweyo beme phaya, baprofeta, amakhulu amane echasene nomnye, oko kwakhangeleka nzinyana. Ngoku, kwicebiso lesihlwele akusoloko kukhuselekile. Kuxhomekeka apho bakhoyo. . . bacebisa malunga nantoni, yintoni icebiso laso. Kwakungekho lukhuseleko phaya lukakumkani, kwaye wathatha esa sihlwele ngokwecebiso laso okokuba lilungile. Kodwa ukuba wayekhe wema watyhila incwadi esongwayo kwaye wajonga oko u-Eliya wayesandula kukutsho.

83 Ngoko, uMikaya wayengenakutsho nanye into, wayengazi, xa mhlawumbi uThixo wamxolela ngayo. Kodwa kuqala, ekubeni engumprofeti, waya kuThixo ukuya kufumanisa oko uThixo wakutshoyo. Kwaye wafumana oko uThixo wakutshoyo. Wathi, “Ndimbonile uThixo ehleli etroneni, kwaye Wathi. . . enabo bonke abacebisi Bakhe beZulu behlangene bemngqongile Yena, wathi, ‘Singafumana bani Thina onokuhla aze abangele u-Ahabhi ukuba aphume aze apha, ukuze Sibenakho ngenye indlela ukuzalisekisa isiprofeto esenziweyo ngaye?”

84 Yabona, isiprofeto, wayesele etshilo u-Eliya, “Izinja ziyakuxhapha igazi lakho.”

85 Kwaye wathi yena “wabona umoya oxokayo unyuka uphuma ngaphantsi, wenyuka, wenyuka weza phambi Kwakhe, wathi, ‘Ndiyakuya ndihle ndingene kubaprofeti bakhe, abaprofeti baka Ahabhi, ndibenze baprofete ubuxoki.’”

86 Ngoku, uThixo wayazi ukuba loo madoda ayephakamile kwaye ezele yimfundo yezenkolo awayecinga ukuba anento yonke ilungile. Babengazange bagqale iLizwi leyure. Ke uThixo wathi, “Uyakuphumelela; hamba uhle.” Kwaye xa uMikaya wakutsho oko, oko kwabenza baprofeta phantsi komoya ongcolileyo. Baxhuzule isiqhagamshelisi basikhupha kwimfono-

mfono, okanye bacime unomathotholo, okanye benze neyiphi into; bakuvile Oko kusiza ngokuchasene nabo, baphakama bemka. Kodwa jonga okwenzekayo. Ngoku, uMikaya kwafanela aphonononge umbono wakhe ngeLizwi elibhaliweyo, ngenxa yoko wazi.

87 Wathi, "Xa ndibuya . . . Faka la ndoda entolongweni, yinike amanzi osizi nesonka sosizi. Xa ndibuya, ndoqubisana nayo."

88 Wathi, "Ukuba uthe wabuya kwa ukubuya, uThixo akathethanga kum." Kuxa waziyo ukuba umbono wakhe uthe ngqo neLizwi lala yure. Yayilixesha lika Ahabhi.

89 Mzalwana, dade, le na yiyure nexesha lokubizelwa ngaphandle kweBhabheli. IziKhanyiso zangorhatya zilapha. Hamba ekuKhanyeni ngelixa kusakhanyayo. Qwalasela, amakholwa alibona iLizwi libonakalisiwe aze alikholelwa Lona. Wathi uYesu, "Izimvu Zam ziyalazi iZwi Lam, iLizwi Lam, umqondiso Wam wesigaba. Ongowobuxoki aziyi kumlandela."

90 Ngoku masingene emxholweni wethu, kuba ndiyabona ndizakumka. Ndifuna ukugxininisa kulamgca wokuthandazela kakhulu. Masibuyele emxholweni ngoku singena phantsi kwengqwalasela, apha okomzuzu. Kulungile, iyakwenzeka kwakhona njengoko isoloko isenzeka, ngokwesiqhelo.

91 UThixo uthumele umprofeti Wakhe, uYohane, njengoko iLizwi Lakhe litshilo, lithembisile kuMalaki 3, "Yabonani, Ndithumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam, ukuba alungise indlela." UYohane wangqinela kwa into enye. Kwaye siyafumanisa kananjalo, ku Isaya 40:3, okokuba u-Isaya wathi, "Kuyakubakho izwi lomprofeti, othile ememeza entlango, 'Yilungiseni indlela yeNkosi.'" Yabona? Zonke ezo ziprofeto! Kwaye—kwaye jonga, qaphela ngokukhawuleza, iSibhalo simalatha yena.

Xa bathi, "Ungubani wena? Ingaba unguye uMesiya?"

Wathi, "Andinguye."

"UnguYeremiya? Abaprofeti, okanye omnye wabo?"

92 Wathi, "Andinguye. Kodwa ndililizwi lothile limemeza entlango, njengoko kutshiwo ngumprofeti u-Isaya."

93 Ucinga babeya kukholelwa oko? Hayi, mhlekazi. Kutheni? Akazange aze ngeecawa zabo. Wayengengoweyabo . . . Yabona, waya entlango eminyaka ilithoba ubudala, waphuma enamashumi amathathu. Umyalezo wakhe wawubaluleke kakhulu ukuba ungahamba ngesikolo semfundo yezenkolo; wayengulowo wokwazisa u—uMesiya. Kwaye wonke umntu ubeya kumtsala *ngale* ndlela na*ngala* ndlela. Waza uThixo wamthumela entlango, emva kokufa kukayise, uZakariya. Kwaye wayengumbingeleli, kodwa zange alandele umnombo kayise.

94 Kuba, abaprofeti abaphumi kwizinto ezifana nokuya. Baphuma kwimihlaba engqwabalala, intlango. Akukho mntu waziyo apho bavela khona, okanye indlela abathe gqi ngayo, okanye nanye yembali yabo. Basuka bavele beshumayela iLizwi, aze uThixo abamkise, kwaye bamke bahambe; bohlwaye esa sizukulwana, baze baqhubekele eLizwini Lakhe, belinde umhla omkhulu.

95 Ibandla zange limkholelwe, ngokuba wayengaziwa kubo. Babengenanto ibhaliweyo ngokubekwa kwakhe ezincwadini zabo, ke ngenxa yoko bamala. Yabona, zange bakholwe liLizwi elingqinelweyo likaThixo, licacile, igama negama. Yabona? UMalaki 3, iZibhalo ezibini zokungqinela yena. UMalaki 3 no Isaya 40:3. Yabona, zombini ezo Zibhalo zathetha ngendoda ezayo, elungiselela indlela yeNkosi. Wazalisekisa wonke umgqaliselo wayo.

96 Wayefanela kuba ngumprofeti. "Ndiyakunithumela u-Elisha." Kwaye nanko ekho, kuyo yonke indlela engqwabalala. Qaphela indlela isimo sakhe sahlangana ngayo nesika Eliya. U-Eliya wayeyindoda yeentlango, wayekwanjalo noYohane; owasezindle. Wayengeyondoda impuluswa, wayeyindoda engqwabalala.

97 Qwalasela kwakhona, u-Eliya wayengumthiyi bafazi, wamxelela uJezebhele malunga nako konke ukuziqaba kwakhe, nalapho kufanele eme khona. Wayekwanjalo noYohane. UJezebhele wazama ukumbulala u-Eliya, wafunga ngezithixo zakhe ukuba uyakuyisusa intloko yakhe kuye. Wenza kwanjalo noHerodiya. Yabona?

98 Soloko uqaphela umyalezo wabo, qaphela oko bakwenzayo. Ngoku siyafumana ukuba xa babenokujonga ngemva babone oko iBhayibhile ikutshiloyo, baze baqaphela isimo sendoda nendlela eyayigqibelele ngayo exesheni neSibhalo nayo yonke into, babefanele bazile ukuba yayinguye. Malunga nesiqingatha sazi. Injalo lonto. Hayi ngaphezu kwesiqingatha esaqondayo. Baphuma ukuyakumva, kodwa zange bayikholelwe Yona. Yabona? Kutheni? Zange bakholelwe ukungqanyaniswa kwesiprofeto kwiyure yabo.

99 Qwalasela, bamhleka, bembiza othile "ongxolayo, ondlongondlongo, iqaba lomthabatheki elingenasikolo, 'yona, ayiyo, thata, thwala, yiza nayo,' nanjalo njalo." Njengesiqhelo bamgweba ngemfundo yakhe. Bamgweba ngegrama yakhe, ngendlela anxibe ngayo. Wayenesiqwengana sofele lwegusha esibhinqile, efake nentlonze yenkamela, wayexhonti konke. Ephuma emanzini; engenabandla, enganasihlalo, engenantsebenziswano; babenganakwamkela oko; babenqula uthixo welihlabathi. Yabona?

100 Andibhekiselelanga ekuthini ngoku akukho baprofeti bobuxoki abavelayo, njengoYanes noYambres. Kodwa indlela

ofuna ukwenza ngayo, yeyokuba phonononga umyalezo wemvelo ngeLizwi, ngoko uyifumene; yintoni isigaba okuso, kwaye yintoni eprofetiweyo ngesa sigaba.

101 Ngoko isiprofeto sikaYohane sangqinelwa kucwangco Lwakhe uThixo. Qaphela indlela egqibelele ngayo. IBhayibhile yathi, "ILizwi leNkosi liza kumprofeti." Kwaye uYesu wayeliLizwi. UYohane wayeprofeta ngokuza kweLizwi ukuze lizalisekiswe; kwaye uYesu, iLizwi, leza kumprofeti, emanzini. Owu, indlela entle ngayo! Indlela elingenakusilela ngayo i. . . Yabona? ILizwi laliyinto eswelekileyo ngalo mini. Naku kusiza umprofeti, esithi, "Ndilumemezo leLizwi."

Bathi, "Masenze ntoni?"

102 Wathi, "Andifanelekanga ukuthungulula izihlangu Zakhe. Kodwa kukho Othile omi phakathi kwenu, ndaweni ithile, Uyakuba Nguye oyakunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangoMlilo. Omyazi usesandleni Sakhe, kwaye Uyakusicokisa kuthi tu isanda sakhe, atshise umququ ngomlilo ongacimiyo, athabathele ingqolowa kuvimba." Owu, onjani umprofeti! UYesu wathi zange kubekho umntu ozalwe ngumfazi omkhulu njengaye, de kube ngula mhla. Owu, okunjani ukuqhayisa! Indlela awazi ngayo apho wayeme khona! Wayazi ngqo. Weva okusuka kuThixo, kwaye yayithe ngqo neLizwi, ke wayengakhathalelanga ababekutsho abantu. Washumayela Lona kwaye waprofeta Lona, nakanjani. Kwaye qaphela, xa umntu emela oko kuyiNyaniso, ngoko uThixo ubophelelekile ukuba amngqinela la mntu ngeNyaniso.

103 Xa uMoses wehlayo phaya eYiphutha, wathi, "Bendisentlango ngaphaya, kwaye ndibone umthi uvutha, kwaye ungatshi uphele. Ndinyukile ndaya emthini, kwaye, xa ndakwenzayo oko, kwabakho enkulu iNtsika yoMlilo indanda phaya. Kwaye iLizwi lathi, 'NDINGUYE ENDINGUYE.' Kwaye Wandixelela ukuba ndithathe le ntonga ndihle ndize apha ndizokwenza le mimangaliso, kwaye uThixo uyakulingqinela iLizwi Lakhe." Waphakamisa intonga yakhe, nako kuphuma iintakumba neempukane, nobumnyama nanjalo njalo. Kwaze emva koko kwangqinela la mprofeti, Wazisa loo makholwa kanye emva entabeni, waza uThixo wehla kwakulaNtsika yoMlilo ekwanye, kanye kwintaba ekwanye, waza wabonakalisa ukuba oko kwakulungile.

Ngoku jonga oko Akwenzile kulo mhla. Ngokuchanekileyo.

104 Ngoku, iLizwi liza kumprofeti lize limngqinele yena ukuba ngumntu onyanisekileyo, oyena mntu iSibhalo esithe uyakuba nguye. Ngokukhawuleza ngoku. Kodwa, kwakhona, uYesu weza ngendlela eyahlukileyo kolwabo utoliko lomntu lwesiprofeto. Umntu utolikile into eyakuba yiyo. Ngokuqinisekileyo. AmaRhabe acinga kufanele ibe ngawo. Qaphela xa uThixo esenza nantoni, qaphela wonke omnye umbutho uvuka nomnye.

Ehe, kwasoloko kungalo ndlela. BabenoYambres noYannes ndaweni yonke. Qwalasela, batsho inxalenye yeLizwi. Kodwa, ngokwe Lizwi lomprofeti, lonke iGama!

105 Bayiphosa kwakhona, njengesiqhelo, bambiza Yena umvumisi, "umtyholi; uBhelezabhule," baza bathi Yena Uzenza uThixo, ngelixa babefanele bazile, kwa ngeyabo iBhayibhile, ukuba Waye nguThixo.

Qwalasela, Wayeprofetiwe ngu-Isaya, Isaya 9:6, wathi, "IGama Lakhe liyakubizwa uThixo uSomandla, uBawo waNaphakade." Akusayi kusabakho abanye oobawo ngaphezulu emva koko, kuba waye EnguBawo wokuqala ekuqalekeni, Ukukuphela koBawo; wathi, "Sanukubiza namnye umntu walo mhlaba, 'Bawo,' kananjalo, emva koko." "Ungu—uThixo uSomandla, kwaye uBawo onguNaphakade, uMcebisi, iNkosana yoXolo." Ngokuqinisekileyo.

106 Ngoku, benza kuYe konke abaprofeti abathi babeyakwenza, njengoko besenza nakwesi kanye iSigaba saseLawudike, bamkhuphela Yena ngaphandle kwebandla. "Yimfama, uze, kwaye akuyazi." Nje kanye oko umprofeti akutshiloyo, umprofeti weBhayibhile. Bemfanyekiswe zizithethe zomntu, bamkhuphela ngaphandle Yena, iLizwi ngaphandle kweecawa zabo, njengesiqhelo, njengoko kwaprofetwayo ngabo.

107 Qwalasela ngoku, ngokukhawuleza ngoku. Ungakuphosi oku ngoku. Nanku umxholo, indlela uYesu Awazazisa ngayo kwaba babini abafundi okokuba waye EnguMesiya wabo! Ngoku, onke amehlo kweli cala. Nangaphandle ebaleni, sanukukuphosa oku ngoku. Sizamile ukunixelela ukuba iBhayibhile liLizwi likaThixo, libhalwe nguThixo Buqu, ngemilebe nangobuchwephesha bomntu. UThixo unakho ukubhala, ngoKwakhe. UThixo unakho ukuthetha, ngoKwakhe. UThixo unakho ukwenza oko Akufunayo, kodwa Ukhethe indoda ukuba iyenze lonto ngokuba indoda eyaYibhalayo iyinxalenye kaThixo. Ke, uThixo wabhala iBhayibhile. Abantu babengazi nokwazi into ababebhala ngayo, ekucingeni kwabo ngokobuntu. Babenokungavumelani naYo, kodwa baYibhala. Babengenakho. IBhayibhile yathi, "Amadoda akudala, njengoko ayeqhutywa nguMoya oyiNgcwele!" UThixo washukumisa izandla zawo, washumkumisa amehlo awo kwimibono. Babengenakutsho nto kuphela oko babejonge kuko. Babengenakuthetha nto, kuba Wayenolawulo olupheleleyo lolwimi, umnwe, nalo lonke ilungu lomzimba lalithambele uThixo. Akumangalisi iBhayibhile ithi ayengoothixo, ayeyinxalenye kaThixo! Wayeyinzaliseko kaThixo.

108 Qaphela indlela uYesu, iLizwi, awenza ngayo aba babini abafundi abophuke iintliziyo bazi Yena yayinguMesiya wabo, uMesiya, iLizwi elithenjisiwe. Qwalasela oko Wakwenzayo, Wabhekiselela kwisiprofeto. Qwalasela, "Ziyatha, bazeka kade

ukukholelwa konke oko ababhale ngako abaprofeti." Ngoku, Zange athi, "Kulungile, yintoni, yintoni eliyitshoyo ibandla malunga nayo?"

109 Bambalisela Yena ibali. Babezazi zonke iziganeko ezenzekileyo. Babematshekile bonke. Baqala ukumxelela Yena, "Ingaba Ungumhambi na apha, okanye Akwazi okwenzekileyo eYerusalem?"

110 Wathi, "Zinto zini?" ngathi Akazi. Yabona, Wenza izinto ngamanye amaxesha nje ukubona oko uyakukwenza malunga nayo. Yabona? Wathi, "Zinto zini? Yayingubani? Kwenzeke ntoni?"

111 "Ingaba Ungumhambi na apha"? Kwaye kanye babethetha neNdoda ababephile nayo iminyaka emithathu enesiqingatha, kwaye babengamazi Yena.

"Zinto zini? Kwenzeke ntoni?"

112 "Kulungile," bathi, "UYesu waseNazarete, obenguMprofeti. Akukho mathandabuzo engcingeni yethu. Ebengonobunganga ngeLizwi nangemisebenzi ebantwini bonke. Simbonile Yena esenza izinto Awayechazwe nje ngoMprofeti kaThixo wesi sigaba. Siyakwazi oko. Kwaye siyakholwa ukuba Uyakuba nguMhlanguli, okokuba Uyakuhlangula uSirayeli."

113 Waza Wajika wathi, "Ziyatha ndini, nizeka kade ukukholwa kuko konke abathe abaprofeti bakutsho malunga naYe akusayi kwenzeka?" Yabona? Qaphela Yena ngoku ebuyela kwisiprofeto. Esinjani isohlwayo kumakholwa, ebanga ukuba ayemkholelwa Yena!

114 Qwalasela indlela Awawungena ngayo umxholo. Akazange avele ngokuphandle athi, "NdinguMesiya wenu." Wayenokuyenza, ngokuba Wayenguye. Kodwa qwalasela Wazazisa Yena eLizwini, emva koko bamazi. Ukuba Wayeyitshilo, Wayenokutsho oko kwaye ibingayikuba njalo; kodwa xa Wahamba waza waqalisa ukuthetha ngako konke abaprofeti abakutshiloyo malunga Naye, baza bakubona, emva koko babanakho ukuzixelela, ukuba yayingabantwana bakaThixo. Kodwa watsalela umdla wabo koko abaprofeti bakuchazayo kwangaphambili nabathi makujongwe kuko ngexesha uMesiya, isigaba Sakhe, esiyakubonakaliswa ngaso. Yena, njengo Yohane, wenza iLizwi, iBhayibhile, yolathe uMyalezo wabo. Wonke umprofeti wenyani uyakuyenza lonto. Ehe. Akaphumanga wathi, "Ndinguye. Ndi . . ." Lowo asingomprofeti onyanisekileyo kaThixo. Yabona? Kodwa Wathi, "Buyelani eZibhalweni." Yabona, Zange wasilela ngendlela Yakhe ayenze ngayo. Yabona?

Wathi, "Siyamazi uMoses."

115 Wathi, "Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile Nam." Wathi, "UMoses wabhala ngaM." Wathi, "Phengululani

iZibhalo, kuba Kuzo nicinga ninoBomi obuNgunaphakade, kwaye zona iZibhalo zizo ezingqina ngaM. Hambani niye kujonga eZibhalweni nize nibone."

116 Apha zange Waguqula indlela Yakhe yokuyenza, zange watshintsha. Akanakuguquka, ngokuba ÚnguThixo ongaguqukiyo. Yabona? Qwalasela Waya ngqo emva kwaba bafundi babini, uKleyopa nomhlobo wakhe, endleleni eya e-Emawusi, wathi, wabhekisela eZibhalweni kubo, wathi, "Kutheni niziziyatha ekukholweni ukuba onke Amazwi abaprofeti abawabhalayo ngokubhekisele kuMesiya ebayakufanela azaliseke?" Owu, onjani umhla!

117 UYohane wenza kwa into enye. "Phengululani iZibhalo, jonga emva, wathi kuyakubakho 'ilizwi lothile omemeza entlango.' Ndisuka phi?" Yabona? Oko kuku, oko kufanele kwayenza yacaca kubo. Injalo!

118 Ifanele iyenze icace namhlanje, into yokuba simbonile uMoya oyiNgcwele eyenza. Wakhe wathi, "Phengululani iZibhalo." Kwaye si . . . Ufuna thina siyenze namhlanje.

119 Qwalasela, Waqala ngesiprofeto sikaMoses, iBhayibhile yathi, "Yena, eqalela kuMoses nabo bonke abaprofeti," kodwa Waqala ngoMoses. "UMprofeti," wathi uMoses, "INkosi uThixo wenu iyakuvusa phakathi kwenu bantu, phakathi kwabantu. INkosi uThixo iyakuvusa uMprofeti."

120 Ngoku Wayenokuthi, "Kleyopa, nomhlobo wakho apha, akatshongo na uMoses ukuba kule mihla iNkosi uThixo iyakuvusa uMprofeti? Kwaye le Ndoda bayibetheleleyo, ingaba Ihlangabezane nela bakala? Ngoku, uMoses waprofeta oku. Kwaye ngoku anibanga namprofeti amakhulu namakhulu eminyaka, kwaye apha le Ndoda yavuka. Kwaye yayiyintoni eyandulela le Ndoda, ingaba utshilo?" Niyayifumana? Kwaye bonke abaprofeti batshilo malunga Nayo, ngesigaba Sayo, Wathethe kubo. Ngokuqinisekileyo ibiyakuba ngumdla ukuphulaphula kuYe. Ingaba ubungathanda ukuva kuYe? Ndingathanda ukuva kuYe, ukumva Yena, oko Akutshiloyo abakutshiloyo abaprofeti malunga Naye, kodwa Zange athi yayiNguye. Wababonisa nje ngesiprofeto. Wathi nje, "Abaprofeti bathe oku kuyakwenzeka." Yabona?

121 Masibuyele nje emva imizuzu embalwa, kwaye ngoku masiphulaphule eMazwini acatshulwe kuYe. Qaphela apha, iLizwi ngoKwalo licaphula iLizwi elileLakhe. ILizwi ngoKwalo licaphula iLizwi elileLakhe. Hayi ukubaxelela ukuba Wayekokuya, kodwa nje wayeka iLizwi lizithethe Lona, ngoko bazi wayeNgubani. Umbhalo weLizwi, licaphula iLizwi e . . . ILizwi lisenyameni, licaphula iLizwi lombhalo, lalathwe ngokupheleleyo kunye Naye. Jonga apha, ngoku masiphulaphule kuYe ecaphula. Indlela . . . Ngoku, siyazi ukuba bonke babexelelwe ngokusandula kwenzeka, oko kukuthi,

ukubethelelwa nebali lovuko, ingcwaba, njengoko sisandula kufunda. Ngoku Waya ngqo eLizwini lesiprofeto malunga Naye. Ngoku masicinge nje ukuba Watsho oku; Watsho okuninzi okungaphezulu kunoku, kodwa qaphela.

122 Masithi Yena . . . mve Yena esithi, "Tyhila kuZakariya 11:12. Kwaye yayingengoMesiya okwafanela athengiswe, ngokwabaprofeti, ngamashumi amathathu esilivere? Nisandula kuthi le Ndoda yathengiswa ngamashumi amathathu esilivera. Tyhila ngaphaya . . . " Uyazifumana iZibhalo? Zakariya 11:12. Waza Wathi ngoko, "Ingaba nikuqwalasele oko uDavide wakutshoyo eziNdumisweni, Ndumiso 41:9? Wayezakungcatshwa ngabahlobo Bakhe. Kwaye kwakhona, kuZakariya 13:7, Washiywa ngabafundi Bakhe. Kwaye kwiiNdumiso 35:11, watyholwa ngamangqina obuxoki. Wena usandula ukuthi Wabanjalo. U-Isaya 53:7, Wayesisimumu phambi kwabatyholi Bakhe. Isaya 50:6, bamngcikiva Yena, umprofeti watsho. IiNdumiso 22, Wayefanele kukukhala emnqamlezweni, 'Thixo Wam, Thixo Wam, Undishiyelani na Mna?' Ingaba Wayenza lonto, usuku phambi kwemva kwemini yezolo? IiNdumiso 22 kwakhona, 18, iingubo Zakho zohlulwa phakathi kwabo. Ingaba bayenza lonto? Kwaye iiNdumiso 22:7 ukuya ku-8, watshabhiswa zizihlobo Zakhe, ibandla. IiNdumiso ama-22 kwakhona, kwakungekho thambo emzimbeni Wakhe kwakufanele laphuke, kodwa 'bahlaba izandla Zam neenyawo Zam,'" Watsho. Ebeke izandla Zakhe ngasemva Kwakhe, akukho ntandabuzo, ngela xesha. "U-Isaya 53:12 wathi Uyakufela phakathi kwezihange. U-Isaya 53:9 uthe Wangcwatywa nosisityebi. IiNdumiso 16:10 ithe, 'Andisayi kuwushiya umphefumlo Wakhe ehadesi, Ndingasayi kumyekela Oyingcwele Wam Abone ukonakala.' Kwaye yayingenguye na uMalaki 3 umanduleli wale Ndoda?" Owu, bendingathanda ukumva Yena ecaphula oko. Jonga kwiziprofeto! Qwalasela, ngoko zonke iintlobo Ebenokube uhambe kuzo, malunga no Isake, kwiGenesis ama-22, indlela uThixo azekelise ngokwesithunzi ngo Isake, indlela uyise u-Abraham awathabatha unyana ongowakhe, wamthwalisa iinkuni benyusa induli, waza wamninkela unyana ongowakhe.

123 Kwakungoko xa yayiqalisa ukuzika kubo. Wayesele egqibile ukubaxelela ukuba babeziziyatha ngokungakhangeli kwisiprofeto salo mhla. Kwaye ngoku yaqalisa ukuzika ngaphakathi, baqalisa ukubona ukuzalisekisa kwako konke oku kube kwenzekile kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, kwiminyaka emibini okanye emithathu egqithileyo, isiprofeto esingqinelweyo sesigaba. Kwakungoko bathi bazi ukuba uMhlobo wabo obethelelweyo, uYesu, wazalisekisa lonke iLizwi loku. Owu, kwakungoko apho baziyo ukuba la Ndoda ngenene yayinguMesiya, okokuba—okokuba Ifanele ivuke kwabafileyo. "Ingcwaba lalingenakho ukumgcina Yena. 'Andisayi kumyekele

Owam ONgcwele abone ukonakala.' Akukho nalinye iLizwi lesiprofeto elinokusilela. Kwaye Wavuka."

124 "Ngoko abo bathunywa ezantsi engcwabeni ngale ntsasa bebenyanisile. Uvukile kwabafileyo. Uyaphila. Unguye la Mesiya." Kutheni? Sukuyiphosa. "Isenzo Sakhe, ulungiselelo Lwakhe nayo yonke into Ayenzileyo iye yangqinela ngqo aMazwi awatshiloyo umprofeti ukuba iyakwenzeka ngalo mhla. Oko kukwenzile." Emva koko bazi ukuba yayiNguye, uMhlobo wabo obebethelwe, uYesu, oyenzileyo. Akumangalisi iintliziyo zabo zavutha ngaphakathi kwabo njengoko Wayethetha nabo. Ngoku babehambe iimayile ezintandathu, kwaye ikhangeleka ngathi lixesha elifutshane.

125 Kwaye nantsi enye into abayenzileyo, uyazi, babeve intshumayelo yeyure ezintandathu kwisiprofeto singqinelwe. Yilonto Wathetha ngayo kubo endleleni. Nje ngokukhawuleza njengoko baqalisa ukuhla ngendlela, Wavela, kuba Wayelapho kanye eYerusalem. Iiyure ezintandathu mva-e . . . kamva, iitadiya ezingamashumi amathandathu, babesezantsi kanye endleleni iimayile ezintandathu ukuya e-Emawusi. Yilonto iyiyo. Kwaye Wayeshumayele, waqinisekisa isiprofeto ngeyure ezintandathu. Sukundigweba kwisithathu sam, ngoko, yabona. Yabona? Kodwa qwalasela, babeshumayele . . . Wa . . . Babeve iintshumayelo yeeyure ezintandathu kwisiprofeto siqinisekiswa, singqinelwa.

126 Ngoku kwakuba lixesha langorhatya. Uyazi, Unguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwakungoko apho Wavula amehlo abo ukuba bazi amaHebhere 13:8, Ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ngexesha langokuhlwa, iziganeko zenziwa zicace ngesiprofeto. Into eyenzekayo kwiyure yexesha lalemihla ingakhonjwa lula ukuba nje unokukholelwa isiprofeto seyure.

127 "Ewe, ziyatha, bazeka kade ukuqonda, abazeka kade ukukholwa (qhubeka uphendla yona), ukukholelwa ukuba konke abakutshiloyo abaprofeti malunga noMesiya, ingaba ibengenakungenzeki?" Ngoku Wajonga la manqaku konke ukubuyela emva waza wabonisa oko umprofeti athe kuyakwenzeka. Emva koko baqalisa ukuqonda. Ke Wathi . . . Wenza ngathi wayezakugqitha. Babeyithanda le Ndoda. Bathi, "Wena, Wena usinike okuthile. Zange sacinga oko. Uyaphila ndaweni ithile." Babethetha naYe, bengayazi. Ke Yena . . . kwaye ngaphandle kwamathandabuzo Wabajonga ngokudakumba, waza Waqalisa ukugqitha, kodwa Yena—Yena wayelindele kubo ukuba bammeme Yena. Yilonto Ayilindeleyo ngobubusuku, ukuba wena ummeme Yena.

128 Qwalasela, xa abo bafundi bammemela Yena kubudlelwane babo esithebeni, kwakungoko apho Wenza into ethile nje ngohlobo Awenza ngayo phambi kokubethelelwa Kwakhe, kwaye amehlo abo avuleka. Balazi uhlobo Lwakhe, indlela

Yakhe. Bazi oko Akwenzileyo, kwaye Wenza kanye ngoko ngqo ngohlobo Awenza ngalo ngaphambili. Baze bathi, “Nguye Lowo!” Kwaye kwamsinya bavuka bamemeza, waza Wanyamalala. Kwaye apho babethathe iiyure ezintandathu ukuphulaphula kule ntshumayelo, mhlawumbi imizuzu engamashumi amabini babekhaphukhaphu ukubuyela ukuya kuxelela abanye ngayo, “Uvukile ngenene. Uyaphila ngenene.”

129 Zihlobo, oku kukuzalisekiswa koMalaki isi-4, uLuka oNgcwele i-17, uYohane oNgcwele i-15, owu, ezininizi, Isityhilelo i-10, ezininzi iziprofeto ezinokumiliselwa kanye ngqo kulo mhla. Kwaye kananjalo nakwiNcwadi kaMarko nakuMateyu, apho Athe le miqondiso mikhulu nezimanga ziyakubonakala esibhakabhakeni, baze abantu bakubiza isosari, isosari ezibhabhayo, zinakho—zinakho ukunyamalala ngamandla nokukhawuleza kwengcinga, ubukrelekrele obunokungena. Unakho ukubhala, Unakho ukuthetha, Unokwenza nantoni Ayifunayo. INtsika yoMlilo enkulu, “okwanguye izolo, namhlanje, naphakade.” Kwaye izinto ezibonakalayo ziza phezu komhlaba, ipyramids eziqhumayo zinyukela esibhakabhakeni, phezulu apho kungenakubakho kufuma okanye nanto, amashumi amathathu eemayile ukuphakama. Kwaqikelelwa kunyaka onesiqingatha phambi kokuba yenzeke, okokuba iyakuba ngala ndlela. Emva koko guqula umfanekiso uze ubone Ngubani ojonge ezantsi. Akukho neLizwi elinye elakhe lasilela elichaziweyo, kwaye apha liLizwi likaThixo elibhaliweyo, liyiqinisekisa ukuba yiNyaniso. Kwaye lilixa langokuhlwa kwakhona. Andazi nokuba Uyakubuya, ngobabalo, ngobubusuku enze into ethile ngoku nje ngoko Wenzayo emva phaya. Masithandaze kwaye siMcele. Iziganeko zenziwe zacaca ngesiprofeto esingqinelweyo.

130 Thixo Somandla, sincede. Sincede, Thixo othandekayo, ukuba siqonde, siqonde izinto esifanele sizazi, siqonde iLizwi Lakhe. Kwaye ngoku, Nkosi, sivile iintshumayelo ngoku phantse malunga namawaka amabini eminyaka, imibhalo yeencwadi. Kwaye kule mihla yokugqibela iyanyamalala kanye emva kwakhona, kwaye kuya kwixesha langorhatya. AmaWisile, Bhaptizi, Rhabe, nabaninzi babo ezantsi ngezigaba bathethile naWe, kwaye mhlawumbi nje ecaleni kwendlela yalo mhla mkhulu ongakhange ube bubusuku okanye imini, njengoko umprofeti atshiloyo, kodwa ngexa langokuhlwa kuyakubakho ukuKhanya. UYesu wavuka engcwabeni waza wabonakala kuSimon nakubafazi, kwaye wababonisa ukuba Wayephila. Yayiyintsasa. Kwaye kwakhona ngokuhlwa Uyabuyela kwakhona. Kodwa Waya kubo emini, ebakhuza ngobumfama babo, kodwa emva koko Wazazisa Yena kubo ngexa langokuhlwa.

131 Thixo, yiza kubudlelwana bethu ngobubusuku esinabo eLizwini. Thixo, kunqabile ukukholeleka namhlanje

phakathi kwabantu, kodwa ndinombulelo wokuba kukho abathile Obabizileyo wabanyulela uBomi obuNgunaphakade kwangaphambili, kwaye Uthe, "Bonke abo uBawo athe Wandinika bona Mna bayakuza." Kwaye ngoku ngelixa iziKhanyiso zangokuhlwa zikhazimla, ngelixesha Uzivumele, Nkosi, okokuba nasinye isiprofeto (kwezingamakhulu eziphumileyo) esakhe sasilela nangelinye ixesha. Ngoko nyani ukuba oko kuyakhomba, kufanele ibe Nguwe, kuba akukho mntu onokuba nokukuchana. Nje ngeBhayibhile, akukho mntu onokubhala, akukho mntu kwisithuba seshumi elinesithandathu samakhulu eminyaka, ngababhali abahlukeneyo abangamashumi amane, bangabhala, kwaye kungabikho nempazamo enye kuYo.

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuzibonakalisa Wena ngobubusuku, wamaHebhere 13:8, ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye imisebenzi Owayenzayo ngoko, Uyayenza namhlanje. Kwaye Uthembisile, Uthe, "Kwimihla yokugqibela, xa ihlabathi lihleli njengeSodom neGomora, ugqwetheko." Sijonga kula makhwenkwe nje kakhulu nje ngamantombi, anxibe impahla njengawo, kwaye—kwaye jonga amantombi ezama ukwenza njengamakhwenkwe, kwaye ubone abafazi namadoda kwisigaba esigqwethekileyo, jonga ukukhanuka ngesondo kube lu—lunqulo sithixo. IVangeli ityhalelwe ecaleni, baza ubuze kwibandla laseLawudike. Owu Thixo, enjani iyure! Yiza, Nkosi Yesu, zenze Wena waziwe kuthi. Kuba oko sikucela eGameni likaYesu.

132 Ngoku ngelixa nineentloko zenu ziqutyudiwe, amehlo enu evaliwe, ndizakunicela into ethile. Niyakholwa ukuba uThixo ulapha? Niyakholwa ukuba izinto Ezenzekayo namhlanje sisiprofeto sizalisekisiwe? Niyakholwa ukuba uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade? Niyakholwa xa Wayelapha ebonakalisiwe enyameni ngala mhla, kwaye nemisebenzi Ayenzayo phaya, kwafanela iphindwe kwakhona kulo mhla? Utsho njalo umprofeti. Itsho njalo iBhayibhile. Sonke iSibhalo kufanele zisaliseke, ayinakusilela. Wazikhomba njani Yena Siqu? Ngokuba abe ngula Mprofeti awayethethe ngaye uMoses. Wayesazi iimfihlelo zeentliziyo zabantu. Umfazi wachukumisa ingubo Yakhe, Wajika wathi, "Ukholo Lwakho lukusindisile." Xa uSimon Petros waza kuYe, Walazi igama lakhe, wamxelela wayengubani, yayingubani uyise. Kwaye kwa lowa mnye othandekayo uYesu akafanga, Uyaphila ngonaphakade. Makabongwe uThixo! Kwaye ndiyakholwa, ngelixesha langokuhlwa ngoku, Usihlanganisile kwakhona.

133 Owu Nkosi Yesu, yiza kuthi. Ungasidluli. Yiza, hlala ubusuku bonke nathi de kugqithe obu busuku, ngoko sivumele sihambe kunye naWe ngomso; singakwazi Wena kumandla ovuko Lwakho, ukuze uthando nenceba nobabalo Lwakho lungaba

nathi. Owu Thixo onguNaphakade, siphe ezi zinto. Siyazi ukuba nguThixo kuphela onokunikeza ngezi zinto.

134 Kundiliseko lwale yure, masikutsho oku. Thixo, Bawo wethu, inyama yethu yitabanekile ehluphekileyo Yakho. Kodwa, Nkosi, maluthi ubabalo Lwakho olungcwalisayo, uMoya Wakho oyiNgcwele, uze ngoku. Sicoce kuko konke ukuthandabuza nako konke ukudideka, konke ukukrokra nayo yonke indlela yokukrokrela enokuba kuthi, ukuze sikhululeke singabi nayo nenye intandabuzo; phuhla, hlambulula njengoPetros, "Wena unguye uKristu, onguye izolo, namhlanje, naphakade."

135 Siyakholwa ukuba iLizwi Lakho liyiNyaniso, Nkosi. Masibone nje, phambi kokuqala umgca wokuthandazela, Nkosi, Zazise kuthi. Njengokuba Uthe, "Njengoko kwabanjalo ngemihla kaLote," xa u-Abraham, ela qela libiziweyo lakhutshwa lilinde unyana wesithembiso, uLote wayesezantsi phaya emamele owalemihla uBilly Graham no Oral Roberts kulankqubo yobuhlelo ezantsi phaya, njengesizwe. Kodwa u-Abraham wayengumphambukeli engenambutho, nje eli qela lincinci libhadula emhlabeni ekwakufanele awudle ilifa. "Kwaye abanobulali bayakuwudla ilifa umhlaba." Ngenye imini, phantsi komthunzi womthi, ngelixa babehleli, bephumle, uThixo wahla weza ekwimo yoMntu. Iingelosi ezimbini zehla zaya eSodom. Waze uThixo, ekwinyama yomntu, wabonakalisa ukuba Wayenguye, Wathi, "Abraham, uphi umfazi wakho, uSarah?" Kwiintsuku ezimbalwa phambi koko, wayengu Abram; no S-a-r-r-a, Sarra; hayi Sarah, "ikumkanikazi." Kwaye Wambiza ngegama lakhe lobukumkanikazi, intombi yokumkani. Kwaye Wabiza u-Abraham ngegama lakhe, u-Abraham, uyise wezizwe. Kwaye Wathi, "Ndiyakukutyelela."

136 Thixo, yayeyakuxhuma njani intliziyo yala mprofeti! Wayesazi ukuba Wena wawuNgubani kanye ngoko. Akumangalisi wahlamba iinyawo Zakho, wazisa konke ukutya awayenako, nokona kungcono, wabeka phambi Kwakho. Wazi ukuba lowo yayinguThixo phaya. Ngoko Wathi, "Uphi uSarah?" ngokungathi Wayengazi. Kwaye Wena . . .

137 U-Abraham wathi kuYe, "Usententeni . . . usententeni, emva Kwakho."

138 Kwaye Watsho okwakuzakwenzeka. Kwaye yena, entliziyweni yakhe, wayithandabuza Lonto. Kwaza emva koko Wena—Wena wathi ku Abraham, "Kutheni uSarah ekuthandabuza oko, esithi entliziyweni yakhe, 'Azinakubanjalo ezi zinto'? Ingaba kukho into emnzimelayo uThixo?"

139 Owu Thixo! Yesu, Thixo obonakalisiweyo weLizwi, Uthe, "Njengokuba kwabanjalo ngemihla yaseSodom," ihlabathi liyakuba kula meko nje phambi kokutshatyalaliswa kwelizwe leeNtlanga, isigaba seeNtlanga. Silapha, amaSodomi ezingcanjini! Kwaye Utshilo ukuba uNyana womntu,

osoloko echazwa njengo “mprofeti,” uyakutyhilwa kula yure. Zalisekisa iLizwi Lakho, Owu Thixo. Thina, abantwana Bakho abakholwayo, silinde ngeentliziyo ezithobekileyo, ukuba usinike ukholo, Nkosi, okokuba, xa sinomgca wokuthandazela, abantu bayakukholwa. Lilixa langokuhlwa, Bawo. Yenza iziKhanyiso zangorhatya zoNyana kaThixo (Lowo wayeKho, naYe oKhoyo, noSaya Kuza) Azibonakalise ngesiprofeto Osenzileyo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

140 Ngoku ndikulungele uku—ukuthandazela abagulayo. Kodwa yinto engaqhelekanga, indlela phaya xa simile apha. Naku ndimile apha ngoku ndicela umngeni eluntwini, kwaye kuqhaganyushelwe ngokunqumleze isizwe, okokuba uThixo use nguThixo. Akanakusilela. Kwaye oko Akuthembisileyo, oko Uyakwenza. Akasokuze asilele ekuyenzeni, ngokuba Uthembisile ukuyenza. Ngenxa yoko ndingabeka ingqiniseko endilisekileyo koko Akutshiloyo. Ngenxa yoko ndikhangele Ukuza Kwakhe, ndikhangela Yena ukuba avele nangeli ixesha, ngokuba Uthe, “Ngeyure eningayikhumbulelanga,” ihlabathi aliyicingeli, “ngoko Uyakuvela.”

141 Ngoku, kangangokuba ndisazi . . . ndikumnquba wam apha, kwaye kukho abambalwa abantu abahleli apha abo ndi—ndibaziyo. UMzalwana uWright, abambalwa baba bahleli apha, phaya kanye khona apha, ndiyabazi. Kodwa kukho abaninzi benu endingabaziyo. Kwaye andinandlela yokutsho ukuba uThixo uyakukwenza oku ngobubusuku. Simbonile Yena eyenza ngeminyaka ngeminyaka egqithileyo, kodwa Angangayenzi ngobubusuku. Andazi. Kuxhomekeke kuYe. Ungozimele geqe. Wenza oko Akunqwenelayo. Akukho namnye unokumxelela Yena amakakwenze. Ungoziphilelayo, kwintando Yakhe nendlela Zakhe. Kodwa kuba oko Ekuthembisile kona, ndiyamcela Yena akwenze. Hayi ngenxa yethu, kuba sikudinga, kodwa kungaba ngenxa yothile ongaziwayo, okokuba uMoya oyiNgcwele ungathanjiswa . . . ngoku uthambise phezu kwethu. Ngoku, akukhathaliseki undithambisa kanganani Yena, Ufanele akuthambise, nawe, ngokuqinisekileyo, ukuba ukholwe.

142 Ngoku ndifuna ukuba nomgca wokuthandazela, kwaye ndifuna ukuthandazela abagulayo kangangokuba ndinakho. Ngoku, singaba nomgca, wokubiza abantu kwaye sibanyusele apha, umgca wokuthandazela size sithandazele wonke umntu apha ogulayo, ndiyacinga, ndibe nabazalwane bam abalungiselelayo beze apha kunye nathi, abeke izandla phezu kwenu. Ngokuqinisekileyo singakwenza oko. Okanye mhlawumbi singacela uBawo wethu, Ongokuphela kwaLowo onokunenzela yonke into, kuba izandla zam zingumntu nje njengani bantu. Kodwa into yayo yile, asizozandla zamntu ezikwenzayo oko; liLizwi likaThixo. Ukholo kwelaLizwi lilo eliyenzayo. Akukho nto yabunzululwazi malunga nayo, iyonke asiyeyobunzululwazi.

143 Akukho nenye into umKristu anayo kwizikrweqe zakhe eyeyobunzululwazi. Ingaba ubuyazi lonto? Uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ubulungisa, ubulali, ukuthobeka, umonde, ukholo, uMoya oyiNgcwele, yonke into ayibonwa ngobunzululwazi. Kwaye leyo kuphela kwento eyiyeyenene nehlalayo. Yonke into ojonga kuyo isuka emhlabeni kwaye ibuyela emhlabeni. Kodwa izinto ongenakuzibona ngamehlo akho, kodwa uyibona Yona izichaza Ngokwayo, elo lilizwe likaNaphakade.

144 Ingaba ungakholwa, ukuba uThixo Uyakuzibonakalisa kwaye Abonakalise ukuba ulapha, esenza kwa izinto ezinye awathi Wazenza ekuqalekeni, emva kwalo Myalezo, ingaba niyakuyamkela njengempiliso yenu? Wanga uThixo angayinikezela. Ngoku ndicela nabani na endlini, akukhathaliseki ungubani okanye uvela phi, ndiyakucela nje ngesithozela ukholelwe loMyalezo ukuba yiNyaniso. Lowo nguMyalezo uThixo anawo eBhayibhileni Yakhe wale yure, wokuba uYesu Kristu ulapha ngobubusuku kwaye uyaphila. Ngoku phantse . . .

145 Nonke nina bantu niyazi ngam, ndilapha kanye edolophini apho ndakhuliselwa khona. Andinayo namfundo yasesikolweni yegrama. Oko yinyaniso ngenene. Kwaye nindazile ithuba elide ngokwaneleyo, ndiyathemba ndiphile phambi kwenu ukuze ndinibonise ukuba ndithembekile kwaye ndinyanisekile. Andingomhanahanisi. Nkqu nabagxeki bam abakutsho oko. Bona, bayatsho nje, "Aku—akungomhanahanisi, kodwa nje uphosile. Uphosile nje ngenxa yobuqaba, hayi ngenjongo." Andicingi ukuba ndiphosile ngenxa yobuqaba, kuba iLizwi likaThixo liyangqina ngoMyalezo wam, kwaye Lifanele likuxelele Liyintoni Lona. Kwaye nindivile cacileyo ndisithi Alindim, ngoko ke kufanele Libe Nguye. Ingaba injalo lonto? Yibani nokholo kuThixo ngoko. Jonga ngale ndlela, kwaye ukholelwe uThixo. Ukuba ningakholelwa uThixo, uThixo uyakuninika. Ukuba Unakho ukwenza oko njengoko Wenzayo ngaphambili, ngoko Usenguye uThixo. Niyayikholwa lonto?

146 Uyayikholwa? Inenekazi lihleli apha phambi kwam, lijonge kum, iinyembezi emehlweni alo, ngokunyaniseka. Andazi lingubani, zange ndalibona. Ndingongaziwayo kuwe. Ucinga ukuba uThixo uyazazi imfihlelo yentliziyo yakho, iminqweno yakho, okanye izono zakho, okanye nantoni eyiyo? Ucinga Uyazi? Ucinga ukuba Angatyhila kum yintoni isono sakho, yintoni oyenzileyo, yintoni obungafanele kuyenza, okanye umnqweno wakho, nantoni eyiyo? Ukuba Unokuyenza, ingakwenza lonto umkholelwa Yena, wazi ukuba kufanele ibe Nguye? Ingaba uyakuyamkela njengokuba Nguye? Ayisosono sakho esikukhathazayo; ukuhlambulule oko. Kodwa ufuna ubhaptizo Lwakhe lukaMoya oyiNgcwele. Uyakulamkela Lona. NdiyaYibona ihamba isihla inqumla kuye.

147 Ukuze wazi ukuba bendijonge emfazini, ebejonge kum, ndifuna ukubonisa uMoya oyiNgcwele. Jonga apha, kanye ngaphaya kwalo mncinci umfazi ehleli apha, ezantsi phantsi kweenyawo zam apha. Xa bendikutshilo okuya, leyo yinto enye ayifunayo, lubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Uyakholwa ukuba uyakuwamkela Wona, dade? Phakamisa isandla sakho, ngoko. Andizange ndambona umfazi ebomini bam, ngokwazi.

148 Yabona le ndoda ihleli apha inentloko yayo ithotyiwe, ihleli kanye phaya, kunye nekhola yayo engayilinganiyo, nanjalo njalo. Unengxaki yesinyi. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Phakamisa isandla sakho ukuba uyakuWamkela. Kulungile, uThixo akunike isicelo sakho.

149 Le ndoda incinci ihleli kanye apha, ifuna ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukunika Wona; mhlekazi, kunye nentambo yeqhina lakho elimhlophe lijikele ngasemva? UThixo wokunika.

150 Le ndoda apha ithandazela umfazi wayo. Usendimangeni. Uyakholwa uThixo uyakumphilisa, amenze aphile? Uyayikholelwa? Ungabanayo.

151 Unesandla sakho phezulu emqaleni wakho, uyakholwa ukuba uThixo angaphilisa la meko yentliziyo ibikukhathaza, la ngxaki yesisu obe unayo? Uhleli phaya, ubulaleka kanye ngoku. Ingaba kunjalo? Uyakholwa Ukuphilisile? Ngoko ungabanayo. Amen.

152 Niyabona Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Buza abo bantu, jonga ukuba ndiyabazi na. Andibazi, kodwa Yena uyabazi. Amen. Yabona okwaKukhanya ecaleni kwedonga ngaphaya, kundandela kanye ezantsi phezu kwendoda ehleli phaya. Uhlutshwa yimeko yomnqoqo kumqolo wakhe. Akasuki apha, usuka eGeorgia. Mnu. Duncan, kholwa ngentliziyo yakho yonke, uThixo uyakuphilisa langxaki yomqolo. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? UThixo akusikelele.

153 Nantsi indoda ihleli emva kude apha, kunye nengxaki yomqolo, ijonge kum. Andiyazi, kodwa nguMnu. Thompson. Uyakholwa? Phakama, mhlekazi, emva phaya, ukuze... ndingongaziwayo kuwe. Injalo lonto. Kodwa uhleli phaya, uthandaza. Ingxaki yakho yomqolo iphilisiwe ngoku. UYesu Kristu ukuphilisile.

154 "Kuyakubakho ukuKhanya nje malunga nexa langokuhlwa." Aniyiboni, Ulapha ngobubusuku! Ungomkhulu UNDIKHOYO. Unguye izolo, namhlanje, naphakade. Niyayikholwa? Nanelisekile kwaye niqinisekile ukuba lona nguYesu Kristu Ezazisa, ezibonakalisa Yena kwisiprofeto?

155 Sukukhathazeka malunga neliso. UThixo uphilisa abagulayo nabaxhwalekileyo.

156 Bangaphi abantu aba . . . Bangaphi abalapha ngaphakathi, abagulayo? Masiboneni izandla zenu. Kukhangaleka nje kuyinto ebizayo nentsalayo. Ingaba kukho othile na kuni bantu onamakhadi okuthandazela? Andazi ndizakunigqithisa njani apha. Ndifuna ukunithandazela, kwaye andazi ndingakwenza njani. Niyabona ntoni, jonga eludongeni, ndizakubafikelela njani phaya? Kungathini ukuba ungabangela omnye umgca uxinge? Wenza omnye unxinane kanye phaya, wonke umntu uma ngxi.

157 Phulaphula, ndiveni. Ndakhe ndanixelela nayiphi into eGameni leNkosi kuphela koko kwenzekayo? Ingaba injalo lonto? Yonke into yasoloko ilungile. Andizange ndanicela nepeni enye yemali ebomini bam, ndakhe ndanicela? Nangelinye ixesha. Zange ndathatha mnikelo ebomini bam. Andikho apha ukwenzela amali. Andikho apha ukunikhohlisa. Ndilapha ukubonakalisa iLizwi likaThixo leyure. Ndinixelele iNyaniso, kwaye uThixo ungqinile ukuba yiNyaniso. Ngoku ndiyanixelela, ZITSHO IZIBHALO, oko ukuba ikholwa libeka izandla zalo phezu kogulayo, uYesu uthe, "Bayakuphila!" Niyayikholwa lonto? Ngoko, eBukhoneni bukaThixo, anikholelwa Uyakuyenza kanye ngoku?

158 Ngoku bekani izandla omnye komnye, nizibambe nje phaya umzuzu. Ngoku, sanuku—sanukuthandaza, bekani izandla omnye komnye; phandle phaya emabaleni. Nam, ngokwam, ndibeka isiqu sam phezu kwezi tshefu. Ngoku ndifuna nijonge kum nje umzuzu. Yintoni uThixo ayishiye ingagqitywanga? Jonga indlela Ayiyo, yintoni iLizwi esilifundileyo, iziprofeto esizichazileyo, sokuba uYesu uzazisile Yena ngeziprofeto. Ngoku jonga kwiyure, nakwezi veki zokugqibela zintathu apho sibeke iyure esiphila kuyo. Jonga koko sikufundileyo, okunjani malunga nabaprofeti bobuxoki kunye naphantse imiqondiso eyakukhohlisa abanyuliweyo. Indlela iLizwi elibonakaliswe ngalo, indlela uthixo wesi sigaba simfamekise ubuxoki . . . iintliziyo zabantu. Kunye nendlela uThixo ngoKwakhe ayitshiloyo ngabaprofeti Bakhe okokuba ezi zinto ziyakwenzeka kwesi Sigaba saseLawudike. Akukho nto iseleyo ingenziwanga. UThixo ulapha nje uThixo omnye owathetha kwabo bantu e-Emawusi, Owazazisayo ngeziprofeto ezaxelwa kwangaphambili ngaYe, Ulapha ngobubusuku esazisa uBukho Bakhe ngeziprofeto ezachazwa ngokubhekisele kwesi sigaba. Usekwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ningayikholwa? Ngoko bekani izandla zenu omnye phezu komnye. Sukuthandazela isiqu sakho, kodwa ngendlela yakho thandazela la mntu onesandla sakho kuye, ngokuba bayakuthandazela. Ngoku jonga, sukuthandabuza.

159 Kwaye ngoku ukuba ungabona oko ndijonge kuko! Kwaye uyazi andiyi kunixokisa, ndimi apha. Ukuba ningabona, kwaye nokholo lwenu lungatsala lowa mkhulu uMoya

oyiNgcwele ondande ngaphaya emoyeni—emoyeni, lowa inzululwazi imifanekiso wayo, kwaye niwubone Ushukuma ngesi sakhiwo nje uzama ukufumana indawo yoku—yokuhlala, uzama ukufumana indawo yokuzinza. Wukholelwe Wona kuphela, mzalwana wam. Uyazisile ngeSibhalo nanjalo njalo, eyokuba ilungile. Ngoku thandaza ngokunyaniseka ngala mntu onesandla sakho kuye; bayakuthandazela.

160 Yesu Othandekayo waseNazarete, kutheni, sisezingqondweni, Nkosi, ngeLizwi, okokuba Ulapha, ngesithambiso sokuba Ulapha, "Naphina ababini okanye abathathu behlangene eGameni Lam, Ndiyakuba lapho phakathi kwabo. Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; ukuba bathi babeke izandla kwabagulayo, bayakuphila." Ngaphandle ngaphaya kwamaza ale mfonomfono, wanga omkhulu uMoya oyiNgcwele ungaya kuwo onke amabandla. Kwanga okunye uKukhanya okuNgcwele esijonge kuko kanye apha ebandleni, kwanga Kungawa phezu kwakhe ngamnye wonke, kwaye banga bangaphiliswa ngeli xesha. Sikhalimela utshaba, umtyholi, eBukhoneni bukaKristu; siyatsho kutshaba, ukuba loyisiwe ngoku—kuva ubunzima kommeli, ukufa kweNkosi uYesu noloyiso lovuko ngomhla wesithathu; kwaye nobungqina Bakhe bokuqondakalisa ukuba Ulapha phakathi kwethu ngobubusuku, ephila, emva kweshumi elinesithoba lamakhulu eminyaka. Makathi uMoya kaThixo ophilayo uzalise yonke intliziyo ngokholo namandla, nesidima sempiliso esuka kuvuko lukaYesu Kristu, Owazisiweyo ngoku kukhulu ukuKhanya kujikeleza ebandleni, eBukhoneni. EGameni likaYesu Kristu, siphe ngenxa yozuko lukaThixo.

161 Zanga ezitshefu esithandazileyo phezu kwazo, zanga zingaya kwabagulayo nabaxhwalekileyo ezijoliswe kubo. Wanga okwamnye uMoya oyiNgcwele olapha ngoku ozazisayo Yena, azazise Yena kuso sonke isigulana ezithe ezi zabekwa phezu kwaso. Banga uBukhona bukaThixo bungazalisa kakhulu intliziyo yabo ngokholo kude ukugula kwemizimba yabo kuphiliswe. Oku sikucelela, uzuko lukaThixo, eBukhoneni bukaYesu Kristu naseGameni likaYesu Kristu, njengoko singabakhonzi bakaYesu Kristu siyakucela. Amen.

162 Ngoku ngokusuka ezintliziyweni zenu, andikhathali yintoni ebingalunganga kuni, ninganakho, entliziyweni yenu, kholelwani ngentliziyo yenu yonke okokuba iLizwi likaThixo lininikile isicelo senu? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndiyakholwa ukuba sonke isandla, njengoko ndinokubona, sibheke phezulu. Ukuba niyakholwa, ngoku khumbulani, kugqityiwe.

163 Nina phandle phaya kwiingcingo zemfonomfono, ukuba nikholelwe ngentliziyo yenu yonke, njengoko abalungiseleli bebeka izandla phezu kwenu, nabathandwayo benu bebeka izandla phezu kwenu, ukuba niyakholwa ngentliziyo yenu yonke

okokuba igqityiwe, igqityiwe. Omkhulu uMoya oyiNgcwele, Ulapha emnqubeni ngobubusuku. Ndiyambona Yena eshukuma phezu kwabantu, ezibonakalisa Yena phezu kwalapha kwecala lodonga, kwaye usihla phezu komntu, esihla eze apha naphezulu ngesakhiwo, esazisa iimfihlelo zeentliziyo, okwaziswa koBukho Bakhe, ukubonakalisa okokuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Uphakathi kwethu! NguThixo, ongenakusilela uThixo.

164 Kwaye ingaba iintliziyo zethu bezingavuthi ngaphakathi kwethu, kwaye ingaba azivuthi na ngoku, ekwazini ukuba ngoku siseBukhoneni bovukileyo uYesu Kristu, Kuye makubekho uzuko nendumiso naphakade; Yena osisibonakaliso somfanekiso kaYehova uSomandla; owandandela ezantsi kwimo yeNtsika yoMlilo kwityholo elivuthayo, ukutsala umdla womprofeti; Owehlela kwaye nabani na ochukumisa intaba, kwakufanele abulawe, ngaphandle koMoses noYoshuwa. Kwakunjani ekubakhokeleni Kwakhe ngayo abantwana bakaSirayeli ngentlango, eluhambeni, njengesithunzi sababizelwe bakhutshelwa ngaphandle abantu. Nanku Enguye, ngophando lobunzululwazi, kwa nkqu nokuzazisa Buqu phambi kobunzululwazi. Kwaye nezona zenzo Zakhe nesona siprofeto Sakhe, izinto eziprofete Ngaye ukuba azenze kulo mhla, ukumenza Yena okwanguye izolo, namhlanje, naphakade, zingqinelwe ngokugqibeleleyo. Akwanelanga na oko ukwenza iintliziyo zethu zivuthe ngaphakathi kwethu? UThixo anisikelele.

165 Ngoko ngamxhelo mnye, masime sithi: Ngoku ndiyamamkela uYesu Kristu njengoMsindisi noMphilisi. [IBandla lithi, “Ngoku ndiyamamkela uYesu Kristu njengoMsindisi noMphilisi.”—Mhl.] Nangobabalo Lwakhe, [“Nangobabalo Lwakhe,”] ukusukela kule yure ukuya phambili, [“ukusukela kule yure ukuya phambili,”] Owu Thixo, [“Owu Thixo,”] sukuvumela ukungakholwa [“sukuvumela ukungakholwa”] kungene entliziyweni yam, [“kungene entliziyweni yam,”] kuba ndibonile [“kuba ndibonile”] isiprofeto [“isiprofeto”] salo mhla [“salo mhla”] sizalisekile [“sizalisekile.”] Ndiyakholwa [“ndiyakholwa”] ukuba uYesu Kristu [“ukuba uYesu Kristu”] uyaphila [“uyaphila”] kwaye apha ngoku [“kwaye apha ngoku”] engqinisisa iLizwi Lakhe [“engqinisisa iLizwi Lakhe”] lale yure. [“lale yure.”] Iziprofeto [“Iziprofeto”] ebezibhaliwe ngaYe [“ebezibhaliwe ngaYe”] ngoku zizalisekile phakathi kwethu. [“ngoku zizalisekisiwe phakathi kwethu.”] Yena nguMsindisi wam, [“Yena unguMsindisi wam,”] uThixo wam, [“uThixo wam,”] uKumkani wam, [uKumkani wam,”] Okuko konke. [“Okuko konke.”]

166 Thixo Othandekayo, yiva ubungqina bethu. Kwaye usinike, imihla ngemihla, iSonka soBomi. Kwaye siKunika udumo, Owu

Thixo, ukusuka emazantsi entliziyo yethu. Siyakubonga Wena, Lowo unguSomandla, uThixo wabaprofeti. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Owu, elinjani ithuba, elinjani ixesha!

. . . kholwa kuphela;
Kholwa kuphela, kholwa nje kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa nje.

Singayicula ngoluhlobo.

Ngoku ndiyakholwa, owu, ngoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinokwenzeka, ngoku ndiyakholwa;
Ngoku ndiyakholwa, owu, ngoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinokwenzeka, ngoku ndiyakholwa.

Ingaba bubungqina bakho obo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku njengoko siqubuda iintloko zethu.

Side sihlangane! side sihlangane!
Side sihlanga ezinyaweni zikaYesu;
Side sihlanga! side sihlangane!
UThixo abenani side sihlangane kwakhona!

[UBrother Branham uyaqalisa ukungqumshela *UThixo Abenani,* emva koko uthetha noMzalwana uNeville—Mhl.] Ingaba ufuna ukutsho into ethile? Vayle.

. . . ezinyaweni zikaYesu;
Side sihlangane! side sihlangane!
UThixo abenani side sihlangane kwakhona!

167 Ngeentloko zethu ziqutyudiwe, uMzalwana uVayle umile apha ukunqumamisa ngomthandazo. Mzalwana Lee Vayle, ungunobhala womnquba apha, wokubhalwayo neencwadi, nanjalo njalo. Othandekayo kakhulu umzalwana, ubenam kwimikhankaso emininzi. Ndinqwenela bendinethuba lokuvumela wonke umlungiseleli, ndibanyuse baze apha ndithethe nabo. Niyaqonda, ndiqinisekile. Wonke umlungiseleli, siyavuya ukuba nani apha. Wonke umhlambi, abantu bamabandla ahlukeneyo, nantoni, siyavuya ukuba nani apha. Kwaye ngenene ngumthandazo wethu omye komnye, "UThixo abenani side sihlangane kwakhona." Ngeentloko zethu ziqityudiwe, nezandla zethu ziphakanyisiwe, masiyicule kwakhona ngenene kamnandi kuThixo.

Side sihlangane! side sihlangane!
Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu!
Side sihlangane! side sihlangane!
UThixo abenani side sihlangane kwakhona!

Iziganeko Zenziwe Zacaca Sisiprofeto XHO65-0801E
(Events Made Clear By Prophecy)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa ngokuhlwa, ngoAgasti 1, 1965, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org